# *Imibuzo neeMpendulo AmaHebhere Isiqendu se-III*

. . . ukubalapha ngobu busuku kwakhona emnqubeni, ukulangazelela obu bumangalisayo ubudlelwana nonqulo ngokungqonge iLizwi likaThixo elithe lanikezelwa kuthi simahla. Kwaye si . . . siyakuthanda ukuba ngamadlelane bale ntsikelelo.

554 Kwaye ndiyathemba nje kuphela ukuba uThixo uyakusisikelela ngobu busuku njengoko Ebenzile ngale ntsasa, ngomyalezo wale ntsasa. Kwaye bendithetha nje kummelwana wam, uNkskz. Wood, kwixesha eligqithileyo, kwaye besiyixoxa, kunye noMnu. Wood kunye nabo. Kwaye ndiyakholelwa ukuba ibingowona ungcono umyalezo kaMzalwana uNeville kuyo yonke emihle athe wayishumayela, lowo ibingulowo obungcono kum kunawo namnye awakhe wayishumayela okwakalokunje. Ngokwenene ndiye ndayibungezelela kwaye ndayincoma lantshumayelo imangalisayo. Kwaye indinika inkuthazo, kwaye iye yandicheba. Ke ndi—ndiyathanda ukuyivuma inyaniso, niyayazi. Ke, malunga neendawo ezikhaliphileyo, niyayazi, ukukhalipha, kwaye indlela yoku . . . uDavide waye phaya, kwaye indlela awathi . . . Xana kola vavanyo lukhulu, endaweni yokuthi “Kulungile, ndiyakuhamba ndiyokwenza oku, Nkosi, Wena nje ndincede,” walinda, waya waza wabuza iNkosi into amakayenze. Wazisa i-efodi, niyayazi, waza wathi, “Ngoku masimeni sibuzise kuThixo, ‘Yintoni emasiyenze kule ngxubakaxaka?’” Owu, oko kwakutyebe ngenene. Oko kwakunezakha-mzimba ezingaphezulu kuneevekile zamayeza ababenazo esizweni. Ewe, mhlekazi, oko kukwenzela okulunge ngenene.

555 Ngoku, ngobu busuku, a—asijongiselelanga ekuhlaleni ixesha elide kunasembindini wobusuku, ukuba singanakho, kule mibuzo. Ke thina si—thina siya ngqo kuyo, kanye ngoku. Kukugqibezela le mibuzo, kwaye lonke ixesha ndiqalisa ukuyigqibezela . . . Ngoku, Dade Hattie, bendingathethi oko, uyakwazi oko. Be—bendisitsho nje oko, yabona; kunye, kulungile. Kodwa ndineqine kakhulu apha esuka kumlungiseleli, kwaye inzima kakhulu ukuyiphendula. Niyayazi, bona abashumayeli, bayajijela kwiBhayibhile baze bazame ukufumanisa impendulo eyeyeyabo phambi kokuba bakubuze, uyabona. Kuze emva koko . . . kwaye oko kushicelelwe eteyiphini, kuya eGeorgia kumlungiseleli osisihlobo sam onebalaseleyo imibuzo esibhozo yeBhayibhile apha leyo ingumnqantsa kakhulu, kakhulu.

556 Kwaye ngoku, kule veki izayo, musani ukulibala ukusithandazela.

557 Kwaye umfazi wam ungcono kakhulu; uphakamile ngoku, kwaye uye wancedisa ekuphekeni, namhlanje. Izihlobo zethu ezithandekayo zaseCanada, uMzalwana, uDade Sothmann, zilapha zisihambele, kwaye ngokuqinisekileyo sikuxabisile ukuhambela kwabo. Kwaye umfazi wam, ekubeni esazi ukuba bayeza, ngokuba, ebezakuphakama ukuze abenokufumana okuthile kokonwatyiswa kunye nobudlelwana baba bantu bangamaKristu athandekayo. Siyavuya ukuba noMzalwana uFreddie kunye nathi ngobu busuku, kwaye udade uye wahlala kunye...Ebelapha ngale ntsasa, kodwa ndiyakholwa uye wahlala kunye...hayi, kulungile oko, ukunye noMeda, ukwenzela ngahlobo luthile abekunye naye ngelixa sisehla; kuba ndiyayazi kuyakuba semva kwexesha kancinci ngobu busuku, ngumthendeleko nohlambo lweenyawo. Ke siyavuya ukuba nabo kunye nabatyeleli.

558 Ngoku, ngaphambi kokuba siqalise ukuzama ukuphendula imibuzo...Kwaye khumbulani nje ukuba ndi—ndingaba ngophosileyo, niyabona, a—andibangi ukuba ndingochanileyo kuyo yonke into endiyenzayo. Ndi—ndizama ukuba ngochanileyo, kodwa mhlawumbi ndingo—ndingophosileyo. Kwaye—kwaye ukuba ndiphosile, ngoko ndixoleleni nje; kwaye ndiyathandaza uThixo uyakuyenza, ngokunjalo, ngokuba andibhekiselelanga ekuphoseni. Andizami ukuyiphendula nje ngoku-...okanye ngendlela endithe nje...ukwenzela ukucalucalula, ndiyiphendula ngokona kungcono kolwazi lam, yabona. Kwaye ukuba kufanele ndiguqule iimbono zam kumbuzo weBhayibhile, ndicinga ukuba oko nje yinto yokuyenza. Kufanele siguqule, nangaliphi ixesha, xana iLizwi likaThixo lithetha, ngokuba liLizwi likaThixo.

559 Kwaye ngoku, ndicinga sizakuthandazela abagulayo kwakhona ngobu busuku, njengesiqhelo. Kwaye ngamanye amaxesha uye nje umangaliswe; uthabathe okufana neqela elincinci elifana neli, elingaphantsi, owu, umnquba omncinci apha, kwaye ngamanye amaxesha akuboni ziphumo obungathanda ukuzibona. Kodwa into, into oyenzayo, utsala nje malunga namakhulu amabini abantu. Kwaye kwenye yemihlangano emikhulu, mhlawumbi utsala naphina ukusuka kwisithathu ukuya kumawaka alishumi, uyabona, kwaye—kwaye mhlawumbi ngaphezulu. Ke leyo yindlela, uye ubone ngaphezulu okukhulu. Kodwa ngobu busuku, bendiphendula nje...Kakade ifoni yethu ikhala qho ngomzuzu imini yonke kunye nenxalenye yobusuku.

560 Ingaba lona nguNkskz. Reisert uhleli apha, endijonge kuye? IBhayibhile yakho, dade, uDade uWood unayo emva phaya. Ndikuphathele yona ngale ntsasa, kwaye a—andikhange ndibe

nako ukukunika yona. Kwaye a—andikhange ndikubone ngale ntsasa, kwaye uNkskz. Wood unayo.

561 Ke ukuphendula ifoni nokufumana i—izinto ezinkulu ebezenziwe. Inenekazi lindifonele, lathi, "Mzalwana uBranham, bendikumhlangano *othile-thile* kwaye bendibulaleka ye*thile-thile* ingxaki *ixesha* elide. Kwaye, uyayazi, uyewathetha nje emva phaya, waze nje . . . " Lathi, "Ndiphantse ukufa isiqaqa xana Iye nje yazisa ubomi bangasemva." Laza lathi, "Kwaye andizange ndabulaleka kusukela ngoko."

562 Kwaye inenekazi liyangena laze lathi . . . Ndiyakholwa lilapha ngobu busuku, okanye belizakuqhuba ukusuka eBedford, ndiyakholwa, okanye ndaweni ithile phezulu phaya. Unyana wabo ebelapha, ndiyakholwa, obenengxaki yentliziyo, kwisimo esinjalo ukuba sibi. Kwaye ebehleli apha emhlanganweni, yaze—yaze iNkosi yajikeleza yachukumisa . . . yathi kwinkwenkwe malunga nengxaki yayo, kwaye ibingenakho nokuphakamisa ingalo yayo, kwaye uhlaselo lwentliziyo, nengalo yayo yonke igogekile, kunye nentliziyo yayo injena. Kwaye kwangoko yangena kanye emotweni yaqhuba ukubheka ekhaya, ayizange yahlutshwa yiyo kusukela ngoko. Ingaba ela nenekazi lingene apha ukusuka eBedford? Ingaba ulapha, nenekazi? Naliya, ngasemva. Ewe, ebesandula kundifonela, ngethuba eligqhithileyo.

563 Emva koko kukho inenekazi elindifoneleyo ukusuka ezantsi e-Evansville. Kwaye belingenakho ukufika apha kuba likude kakhulu, belingazi ukuba besizakuba nenkonzo yempiliso ngobu busuku. Laze lathi, "Mzalwana uBranham, ndandihleli emhlanganweni wase Evansville," lathi, "wajonga ngasemva ngaphaya kwesihlwele waze wathi . . . wandixelela bendingubani, kunye nento endiyenzileyo, kunye nobendigula kuko, kunye nanjalo njalo ngolwahlobo." Laze lathi, "Bendinalameko yesifuba, kwaye bekufuneka nditshise iyeza i-Asthmador kunye nento yonke egumbini kusukela ndandiseyintwazana." Lathi, "Oko ibe iyiminyaka emibini egqithileyo, kwaye andizange ndibe nalo nelinye ichaphaza layo kusukela ngoko." Yabona?

564 Kwaye ukwenzela nje abo abalapha ngobu busuku, bebengekho ngale ntsasa ukonwabela ubungqina; bendingaphaya kwivenkile yesheleni, ndithenga unodoli, izolo. Ngoku, oko ibingekokwam, yabona. Ibikokwentombi yam encinci, uRebekah, phaya. Kwaye—kwaye uSarah ebesiya kwinto ethile, enye, namhlanje. Abanye abakhe abancinci afunda nabo bebenohlobo oluthile lokuhlangana-kunye, losuku lokuzalwa okanye into ethile, kwaye ebemphathele isipho esincinci; kwaye bendithenga unodoli omncinci, omalunga *nobungako* ubude. Kwaye bekukho inenekazi phezulu phaya, lathi, "Uyandikhumbula?"

565 Ndaza ndathi, "Andikholwa ndiyakukhumbula."

566 Ndaza ndafumanisa, yayisisizalwana sikaMzalwana uNeville apha, oko malunga...xana ndandisendleleni yam ukuya eSweden, bona...Leza ngaphakathi apha, lalinenkwenkwe ikwisitulo samavili, nje ngokufana nomncinci u-Edith phaya, kwaye umfo omncinci wayenomhlaza, nokukhulayo okuyingozi ebuchotsheni. Kwaye intloko yayo encinci itsalele ezantsi, yaze ya...kwaye oogqirha bayinika nje iiveki ezintathu zokuphila. Bayikhupha baze bayixilonga, kwaye yabonakala yayiyi...into eyayiyiyo, kwaye nje bayinika iiveki ezintathu zokuphila. Kwaye kwafuneka bayiqhube bayijikelezise ngesitulo, kuze emva koko bayibeke ekhukweni xana yayisiya egumbini baze bayixilonga, emva koko bayibuyisa. Ndemka ukuya kuthandazela lankwenkwe encinci, ndaza ndacela iNkosi ukuba iyiphilise. Kwaye kwangolosuku lulandelayo, xana bayisa ngaphaya, yathi, "Andisifuni esasitulo samavili."

567 Yangena emotweni yakhwela ukuya ngaphaya, waza ugqirha watwabulula ukhuko, yathi, "Andilifuni ela khuko."

568 Yabalekela phaya yaza yahlala phantsi, ugqirha wamxilonga, wathi, "Kulungile," wathi, "endaweni yeeveki ezintathu, ndizakunika ikhulu elinesibhozo leminyaka ozakuyiphila."

569 Kwaye, izolo, umama udibene nam. Kwaye angabe ulapha, kuko konke endikwaziyo, ngobu busuku. Kwaye inkwenkwe encinci ibiphandle idlala ibhola, umfana osemntsa ngoku. Into ekhulayo, umhlaza ebuchotsheni, kwaye nje iyakubonakalisa...

570 Owu, amawaka ezinto, yabona. UThixo akanakusilela. Yena—Yena nje akanakusilela.

571 UMzalwana uJohn, ingaba iliso lakho lingcono, mzalwana? Ube nengozi, kwaye ebebethelela isikhonkwana saza sambetha elisweni. Kwaye sonke besimthandazela uMzalwana uJohn O'Bannon, umzalwana wethu osuka eLouisville othe waba nengonzi yesikhonkwana esimbethe elisweni.

572 Ngoku, le mibuzo ibu—ibubunzulu bentliziyo yomntu othile; abathe bayifunda eSibhalwenii baze bafumana ezi zinto, kwaye bona aba...mhlawumbi abanakho ukuzanelisa, ke bayinikezele apha ukuze thina sizame ukuyiphendula. Kwaye niyabona inkohla eyisibeka kuyo; ngokuba, oko uyakukutsho, bayakulala kuko. Ke kufuneka uqiniseke uchanile, kwaye ndi...ngokuqiniseka kangangoko unakho. Ke ngoko, into yokuqinisekisa ukuba sichanile, masicele uMoya oyiNgcwele ngoku asitolikele oku, ngelixa siqubuda intloko yethu.

573 Ngoku, Bawo waseZulwini, owu, enjani inyhweba ukuba yiyo yokuthi "Bawo" komkhulu uMdali wamazulu nomhlaba. Kwaye sicela nje ukuba Uyakuthabatha le mibuzo kulondolozo

Lwakho Wena ngoku. Ibe inikezwe apha ngokunyaniseka okunzulu kakhulu. Thixo, yenza oko kuphume ezintliziyweni zethu, ukunyaniseka okunzulu, ukubaphendula ngeyona ingcono indlela esiyaziyo kanjani; siphe yona.

574 Kwaye zanga iinceba Zakho zingaphumla phezu kwakhe ngamnye. Kwaye yanga into ethile ingatshiwo apha ngobu busuku eyakunceda nje wonke umntu olapha. Kwaye xana sisimka, emveni komthandazo wokwenzela abagulayo nokuthabatha umthendeleko kunye nanjalo njalo, singa singatsho njengabo ababesuka e-Emawusi, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu njengoko Ebethetha nathi endleleni?" Kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

575 Ngoku, njengoko benditshilo amatyeli amaninzi, ukuba ezi—ezi apha ye—yeyona ingcono imbono yam ngayo, kwaye ngoko ngamanye amaxesha ivusa ingxoxo encinci. Owokuqala apha, ndiyabona yinto ethile endithe ndayitsho ngaphambili, ethe yabuyiselwa kwakhona. Andiyi . . . ndifuna ukuyifunda ngoku, kuba ningathanda.

**65. Xana u-Adam no Eva baba nabantwana babo e-Eden, ingaba kwakukho abanye abantu emhlabeni ngeli xesha? KwiGenesis isahluko se-5 kunye nomqolo we-16, uKayin wahlala elizweni lakwaKuphalaphala waza wamazi umfazi wakhe.**

576 Ngoku, lowo ngo—ngomangalisayo umbuzo. Ngoku, sifundisiwe eBhayibhileni . . . Kwaye amatyeli amaninzi lena . . . ngamanye amaxesha siye ngokuyekelela . . . Ndandiqhele ukubeka isiliphu sephepha, ndize ndithi, "Buza. Ndiphendula nawuphi umbuzo weBhayibhile."

577 Kwaye umntu othile wathi, "Kulungile, yayingubani umfazi kaKayini?"

578 Owu, ndandiye kancinci ndiqhule ngayo okanye into ethile, bendiyakuthi, "Owu, leyo ibiyintombi kanina-zala wakhe," okanye into ethile efana noko, uyayazi, okanye—okanye "EbenguNkskz. Kayin." Kodwa oko akuwuphenduli umbuzo. Kukho i . . .

579 Phaya uKayin wayenomfazi, ngokuba iBhayibhile ithe wayenza. Kwaye ukuba uKayin waba nomfazi, kufanele ukuba wamfuna ndaweni ithile. Kwaye oku kuya kungena emgceni kanye kuyo apha:

> **Ingaba kwakukho abanye abantu emhlabeni xana u-Adam no Eva baba nabantwana emyezweni we Eden?**

580 Ngoku, ukuba uyaqaphela, eBhayibhileni kunqabile kukhe kushicilelwe malunga nokuzalwa komfazi. Kusoloko ingumntwana oyindoda lowo bamshicilelayo eBhabhileni, hayi umfazi. Kunqabile kukhe kuchatshazelwe malunga nokuzalwa komntwana oyintombazana, eBhayibhileni. Okanye,

ngokuphandle, andiyazi njengoko ndingakhumbula omnye kanye ngqo ngoku, engqondweni, apho kwakhe kwashicilelwa ukuzalwa komntwana; yathi, "Bazala oonyana neentombi."

581 Ngoku, iBhayibhile inikeza kuphela okubhaliweyo kwabantwana abathathu abazalwa ngu Adam no Eva, kwaye abo yayinguKayin, u-Abheli, noSete. Ngoku, ukuba bonke abo bathathu ekubeni bengamadoda, ukuba kwakungekho nawaphi amabhinqa azalwayo, kuze ngoko xana ukuphela kwebhinqa (Eva) wafa, uhlanga loluntu beluyakunyamalala kanye ngoko, ngokuba bekungenakubakho ndlela yabo yo—yokuba naluphi. . . uhlanga loluntu ukuba lwande, ngokuba bekungayi kubakho bhinqa liseleyo. U-Eva ngebe ekuphela kwakhe. Kodwa, uyabona, abashicileli u—uzalo lwabantwana abangamantombazana, eBhayibhileni, ke ngoko kwakufanele babe namantombazana ngokufanayo njengamakhwenkwe.

582 Ngoku, umbhali omdala, omnye wabona bakudala ababhali esinaye, uJosephus, ubanga ukuba babenabantwana abangamashumi asixhenxe, kwaye u-Adam no Eva; omnye wababhali abona badala, "amashumi asixhenxe abantwana, kwaye babengoonyana neentombi."

583 Ngoku, ukuba. . . Kwaye ngoko ukuba uKayin waya kwilizwe likaKuphalaphala. . . Ngoku, ukuba uyaqaphela, umbhali ngenene waye, wayehlakaniphile kakhulu ukubhala apha. Ingaba uqaphele indlela awayicaphula ngayo?

> **E-Eden, xana babenabantwana babo e-Eden. . .** Ngoku, hayi emyezweni we-Eden, umbhali wakwazi oko. Nokuba ngubani owabhalayo umbhalwana apha, wathi: **Xana u-Adam no Eva babenabantwana babo e-Eden. . .**

584 Hayi emyezweni we-Eden, ngokuba babegxothelwe ngaphandle komyezo we-Eden. Kodwa babesese e-Eden, umyezo we Eden usempuma ye Eden. Kodwa i-Eden yayinjengesithili okanye—okanye intoni. . . iphondo, kwaye ngoko uKuphalaphala yayilelinye iphondo okanye isithili esingummelwane nayo.

585 Ngoku, umntu ekuphela kwakhe uKayin awayenokuba naye, okanye amtshate, ibiyakuba ungudade ongowakhe. Kwakufuneka enze njalo. Ngokuba kwakukho indoda enye kunye nebhinqa elinye ababefanele baphuma kubo, yabona, kwaye kwakufuneka atshate udade ongowakhe. Ngoku, oko kwakusemthethweni ngaloo mihla.

586 Waze u-Isake watshata umzala owokuqala ongowegazi lakhe, uRebheka, yamiselwa nguThixo. USarah wayengudade ka Abraham, udade wakhe wegazi; hayi ngomama wakhe, ngotata wakhe. Yabona, udade wegazi awathi—awathi u-Abraham wamtshata; umama owahlukileyo, kodwa utata omnye.

587 Ke, niyabona, ukutshata ekuzalaneni ngoko, ngaphambi kokuba u—umsinga wegazi uphulukane namandla kuhlanga

loluntu, kwakusemthethweni kwaye kulungile. Ngoku akunjalo. Ukuba ubuyakutshata udade wakho namhlanje, uze ube nabantwana, mhlawumbi bebeya ku. . . kulungile, bebeyakukhubazeka nje ngayo yonke into. Kwa ukwehlwela kowokuqala nowesibini umzala akufanelekanga ukuba batshate, yabona, ngokuba umsinga wegazi uyehla uze ube sezantsi.

588 Kodwa into ekuphela kwayo ngoko awayenokuthi ayenze uKayin, ibiyakukuba, atshate udade ongowabo. Kwaye apho kulapho abantwana ababe. . . Wafumana umfazi wakhe, waya kwilizwe likaKuphalaphala waza wamazi, kwaye ukusuka phaya kweza a—abantwana. Yabona, i . . .

589 Kwaye ukuba uyaqaphela, ukusuka kumlibo kaKayin kwaphuma amadoda ahlakaniphileyo. Okuphuma kumlibo kaSete kwaphuma amadoda anenkolo, ndithetha, u—umdiliya wobulungisa. Kanye phaya, abaya babini, bazisa kwa umlibo esiphila kuwo namhlanje.

590 Ukuba niyakuqaphela namhlanje ngoku (nje ekugqibeni lo mbuzo): lamlibo kaKayin usamile, kunye nomlibo kaSete usamile. Yomibini iyehlela nje ngokufanayo. Abantwana bakaKayin balapha eJeffersonville ngobu busuku, kwaye nabantwana bakaSete balapha eJeffersonville ngubu bubusku. Njengoko umsinga wegazi uphulukana namandla kwaye uphela, kodwa lamlibo usabambelele.

591 Ngoku, qwalasela. Abantwana bakaKayin babesoloko. . . kwaye ngaphambi kwentshabalaliso kanogumbe, babengabantu abahlakaniphileyo: inzululwazi, abahlohli bemfundo; kwaye benenkolo kakhulu, kodwa babeligqubа eligwetyiweyo. Yabona? Ngoku qwalasela, babefana nje noyise wabo uKayin. UKayin, wayeyindoda enenkolo. Wakha isibingelelo esihle, waza wenza icawa entle, waza wazama ukuyenze ikhangeleke ntlana kunemishini encinci awathi uSete wabanayo ezantsi phaya. Ingaba ubuyazi lonto? Yena ngokuqinisekileyo. . . Wahombisa isibingelelo ngeentyatyambo, waza wasenza sihle, waza wasenza saba sihle; wenza enkulu, elikhulu, elikhukhumeleyo ibandla, ngokuba wacinga ukuba wayenokufumana inceba kuThixo ngokwenza oko.

592 Kwaye u-Abheli waya ngaphaya waza wafumana imvana encinci, waza waqalisa ukulitsalela ngaphaya esibingelelweni, waza walilalisa elityeni waza walibulala.

593 Kwaye ngoku, ukuba uThixo ekubeni elilungisa, ukuba konke akufunayo yayilunqulo, UKayin wanqula uThixo ngokunyaniseka kangangoko wayenokunyaniseka njengoko u-Abheli wenzayo. Bobabini babenyanisekile. Bobabini babezama ukufumana ubabalo kuThixo. Kwakungekho namnye wabo owayengengongakholelwayo kubukho bukaThixo. Bobabini,

ngokuqinisekileyo, bengamakholwa kuYehova. Ngoku, phaya, okuya kusinika into yokucinga.

594 Abanye apha ngobu bubusku andizange ndababona, abantu; andizange ndanibona ngaphambili. Kodwa kufuneka niqonde oku, kwaye nigcine oku engqondweni yenu. Yabona? Akukhathaliseki unenkolo kangakanani, oko akunayo nento enye yokwenza nayo. Ungaphila ebandleni, ungaba ngonyaniseke kakhulu, kwaye uyakube usalahlekile! Yabona?

595 Kwaye uthi, "Kulungile," uthi, "abelusi bethu bahlakaniphe kakhulu, baphuma kwizikolo zakwalizwi ukuya kufumana eyona mfundo ingcono. Bangabafundele inkolo, bazi yonke—yonke imfundo ngezenkolo kunye nanjalo njalo. Kwaye bahlakaniphile, baqeqeshiwe, abona . . . abona bangcono abakhethiweyo kunye nanjalo njalo." Kwaye bangabe basalahlekile noko! Yabona?

596 Ngoku uKayin, kumlibo wakhe: babe, wonke ngamnye, benenkolo kakhulu; abadume kakhulu abantu; kwaye babengoosonzululwazi, oogqirha, nabakhi, nabasebenzi, kunye namadoda ahlakaniphileyo. Kodwa wonke lamlibo wawaliwe, ukusuka kuKayin yonke indlela ukwehla.

597 Kwaye kwicala lika-Abheli: babengengobakhi bengengabafundileyo, okanye indoda ehlakaniphileyo; babe, ngaphezulu okanye ngaphantsi, abathobekileyo, uhlobo lababafuyi beegusha, nabalimi, abathi bahamba nje ngokoMoya.

598 Ngoku, iBhayibhile yathi, "Akukho kugwetywa kwabo bakuKristu uYesu, abangahambiyo ngokwenyama kodwa abahamba kokoMoya." Umntu kamoya unomphefumlo kamoya ongenakuze ufe. Kwaye indoda yenyama inesimo senkolo kuyo (kwaye ifuna ukunqula kunye nanjalo njalo) kodwa ikwinyama; hayi ongakholwayo, kodwa ikholwa lenyama; kwaye yayilelahlobo elalaliwe.

599 Ngoku, ukusuka phaya, uKayin wemnka waza watshata umfazi wakhe kwilizwe likaKuphalaphala. Ngoku, ayithi ngubani owatshatwa nguSete, okanye ngobani abanye ababatshatayo. Kwaye kwalonto intle yoko kukwazi ukuba—ukuba, uKayin etshata, sinayo impendulo yayo. Kuba kwafuneka atshate udade wabo, okanye yena . . . okanye bekuyakuba yi . . .

600 Kwakungekho bafazi bambi emhlabeni, kuphela nje kufanele baphuma ku Eva. Wayengunina wabo bonke abaphilayo. Oko kukuthi, bonke abantu ababephila, wayengumama wabo. Eso sisizathu yena waye . . . Igama *Eva* lithetha "umama wabaphilayo." Ke weza waza wazisa lo mntwana. Kwaye uKayin watshata udade ongowakhe, iyakuba kuphela kwendlela ebendinokuyibona ngayo. Ke kwakukho abantu abaphilayo kula mhla, ngokunyanisekileyo. Yabona? Kulungile, kwaye . . .

**Xana u-Adam no Eva baba nabantwana babo e-Eden...** Ngoku qwalasela, lowo ngumbuzo: **Xana baba nabantwana babo e-Eden, ingaba kwakukho abanye abantu emhlabeni ngeli xesha?** Hayi! **Ngoko kwiGenesis i-5:16, uyabona, uKayin wahlala kwilizwe likaKuphalaphala waza wamazi umkakhe.** Ngokuqinisekileyo. Yabona?

601 Leyo YiGenesis isi-1, apho Wadala umntu ngokomfanekiselo Wakhe Yena, ntoleyo yayikumzimba welizwi. Kwaye kwiGenesis i-2, Wenza umntu ngokuphuma eluthulini lomhlaba, ntoleyo yayingumntu esinaye ngoku. Kwaye ngoko, kwi-3 yayisisiwo, waza wakhutshelwa ngaphandle komyezo we Eden; kwaze emva koko abantwana bazala abantwana. Kwaye uKayin wathabatha umkakhe waza wahlala naye kwilizwe likaKuphalaphala, ngaphandle, ngokuba uThixo wamahlula kubudlewane kumntwakwabo (ngenxa yokufa kuka—kuka Abheli). Kwaye ngulowo waba naye, udade ongowakhe, waza wamtshata; leyo kuphela kwendlela endinokuba nayo, ngokwam, ndinokuyibona indlela awathi—awathi watshata.

602 Ngoku, ibe ithethiwe . . . Kwaye ndiyathemba ukuba izihlobo zam ezintsundu ezingaphakathi apha ziyakuyixolela lentetho, ngokuba ngokuqinisekileyo ayilunganga. Ityeli lokuqala endakhe ndahlangana nabani ebomini bam, emveni kokuba ndiguqukile . . . Ndandi . . . ndahlangana noMzalwana uGeorge DeArk kunye nabo ezantsi phaya. Kwaye ndandihamba, yaze iNkosi yandikhokelela kwindawo encinci. Kwaye babexoxa apho umntu ontsundu asuka khona. Kwaye babezama ukutsho ukuba umntu ontsundu, ukuba uKayin watshata isilwanyana esinjenge nkawu, kwaye khona phaya kwaphuma uhlanga oluntsundu. Ngoku, oko akulunganga! Ngokuqinisekileyo, okuya akulunganga! Kwaye ungaze umele okuya. Kuba akuzange kubekho ontsundu okanye omhlophe, okanye nawuphi ongomnye owahlukileyo, luhlanga olunye nje lwabantu ukuya kunogumbe. Emva konogumbe kunye nenqaba yeBhabheli, xana baqalisa ukuthi saa, phaya kuxa baqalisa ukuthabatha imibala yabo kunye nanjalo njalo. Bonke baphuma kumthi omnye. Oko kunjalo ngqo. U-Adam no Eva wayenguyise nonina, bomhlaba, baso sonke isidalwa somntu esakhe sabakhona emhlabeni. Injalo lonto. Mnyama, mhlophe, luthuthu, ntsundu, tyheli, naluphi ibala ongaba lulo, leyo ngokuqinisekileyo yindawo ophila kuyo, kwaye indlela ethi—ethi i . . . Nje ngokufana . . .

603 Ndicinga ndingavakalisa oku ngelixa ndikuyo. Abantu apha ngoku kolubandlululo nemithetho nezinto abazidlulisayo, ndicinga yintlekisa. Ndicinga njalo ngenene. Phulaphula, yeka nje abo bantu, bayayazi into abayifunayo. UThixo wamenza umntu abe ngumntu ontsundu, kwaye uyavuya malunga nayo. Ngokuqinisekileyo! Ukuba uThixo undenze umntu ontsundu, bendinyakuvuya malunga nalonto; ukuba Wandenza umntu omdaka, bendiyakuvuya; ukuba Ebendenze umntu omhlophe,

ndiyavuya; ukuba Ebendenze umntu otyheli, bendiyakuvuya. UThixo wasenza saba kwimibala yethu, kwaye Wasenza ngendlela Yena awasifuna ngayo, kwaye sonke singabantwana Bakhe. Ngokuqinisekileyo! Kwaye akufanele baxambule kwaye baqhubeke ngolwahlobo. Oko akulunganga ukwenza okuya. Abafanele bakwenze okuya. UThixo wasenza . . . ngendlela esiyifunayo.

604 Kwaye umntu ontsundu, akafuni kuphuma phaya aze aphule isizukulwana sakhe—sakhe okanye ibala lakhe, aze asixubanise kubumhlophe nento yonke ngolwahlobo. Andimbeki tyala. Andiyenzi. Umntu ontsundu unezinto athe umntu omhlophe angenazo kwa ukuba nazo. Ngokuqinisekileyo! Oko kunjalo ngqo. Kwaye uThixo akazange afune bona babe ngalandlela.

605 Kuhle, khangela. Umntu ontsundu u . . . uyi—yena uyi . . . une—unesimilo malunga naye angakhange abe naso umntu omhlophe. Usoloko enovuyo lokuhamba enethamsanqa, uku "themba uThixo, kwaye nje ayiyeke yonke enye"; nokuba unayo okanye akanayo, uyavuya nakanjani. Ndingathanda ukuba nokuninzi kokuya, ngobu busuku, ngokuqinisekileyo ndiyakuba njalo. Ke, unayo, kwaye elo libango lakhe; abafuni kuxubaniseka kunye nolunye uhlanga baze bayophule, nanjalo. Oko kulunge ngqo.

606 Ndicinga inenekazi ezantsi phaya eShreveport lenze enye yezona zingcono—zingcono iintetho endakhe ndaziva ebomini bam. Lenza intetho, kwaye bayibeka ephepheni. Lenyuka, laza lathi, "Indlela ezi zinto eziqhubeka ngayo apha, kolubandlululo, andifuni abantwana bam baye esikolweni ngaphaya kwesasikolo sabamhlophe." Lathi, "Abayi kufumana luhoyo abanokuba nalo ukuba bebenotitshala ontsundu." La mfazi ngumfazi ohlakaniphileyo. Wayeyazi into awayethetha malunga nayo, bafumana imfundo engcono. Oko kunjalo ngqo. Ke ndicinga abantu benza ngokungalunganga ngokwenza okuya.

607 Kwaye ngoko bathi, "UKayin no Abheli . . . " kunye nanjalo njalo ngokufana nokuya. Hayi, mhlekazi! Ibala alinanto yakwenza nayo. Ngumoya ngaphakathi kwaphaya onento yokwenza nayo. Injalo ngqo lonto.

608 Ke uKayin wamazi umkakhe, kwaye lowo yayingudade wakhe. Kwaye bona . . . wamthabathela kwilizwe lakuKuphalaphala, kwaza phaya kwavela iintlanga ezinkulu zomhlaba: abona benkolo nabanquli.

609 Kwaye cinga nje namhlanje, sihlobo, yima nje uze ucinge nje umzuzu. Okokuba kukho amashumi amawaka aphindwe ngamashumi amawaka namawaka amawaka, abantu abangabahambi cawa, nje ukunyaniseka nokungcwaliselekelwa ela bandla abanokuba nakho, oko nje kulahleke njengokuba wayenjalo uKayin. Yabona? NguThixo Okhethayo! NguThixo Owanyulayo! Yabona? UThixo Onika inceba! Udongwe

alunakutsho kumbumbi, ngumbumbi phezu kodongwe. Injalo lonto.

610 Ngoku nanku omhle, olandelayo apha:

**KuPetros Wesibini isi-2:4—2:4 . . .**

611 Umntu othile oneBhayibhile, ufuna ukutyhila kwezi Zibhalo ngokukhawuleza ngoku ngelixa ndifunda Zona, ukuba niyafuna, kunye nohlobo oluthile lokundinceda apha, ngelixa sifumana lombuzo.

612 Ngoku, kulo Kayin na—nanjalo njalo, ukuba oko akuyonelisi ngoku, siyeke nje siyifumane. Siyakukuvuyela . . .

613 Ngoku uPetros Wesibini isi-2:4. Kulungile, mhlekazi, silapha:

**66. UPetros Wesibini isi-2:4, "Kuba xa uThixo a . . . Kuba xa uThixo akaziconganga iingelosi ezonayo, kodwa wazikhahlela ezantsi esihogweni," ngoko kutheni uKristu eshumayela kwimimoya esentolongweni, kuPetros isi-3:19?**

614 Ngoku, sinoPetros isi-2:4, kuqala. Kulungile:

> *Kuba xa uThixo engaziconganga iingelosi ezonayo, kodwa wazikhahlela ezantsi—ezantsi esihogweni, waza—waza wazinikela emixokelelwaneni yobumnyama, ukuba zigcinelwe umgwebo;*

615 Ngoku, ngoku masifumanise kuPetros Wokuqala (lowo nguPetros Wokuqala), uPetros Wokuqala isi-3:19, phulaphulani koku. Silapha, kanye apha. Lena isandula kungena, isizathu bendingenayo ibhaliwe.

> *. . . ntoleyo kananjalo . . . waya kushumayela kwimimoya esekukhonxweni;*

616 Owu, ewe, silapha. masiqaliseni kancinci ngaphambi koku, umqolo we-18:

> *Kuba uKristu kananjalo . . . wava ubunzima kwaba kanye ngenxa yezono, ilungisa ngenxa yongelolungisa, ukuze asizise kuThixo, ekubeni athe wabulawa esenyameni, kodwa wadliswa ubomi ngoMoya:*
>
> *Awathi ekuwo waya washumayela koomoya abasekukhonxweni;*
>
> *eyayifudula ingeva, . . .*

617 Sihlobo sam esithandekayo, ukuba ubunokufunda nje umqolo olandelayo, kwaye phaya Iyayicacisa. Yabona?

> *Eyayifudula ingeva, xenikweni ukuzeka kade umsindo kukaThixo kwakulindile ngemihla kaNowa, kwakubona* ukuba kulungiswa *umkhombe, ekwasindiselwa kuwo imiphefumlo embalwa, oko kukuthi, esibhozo ngamanzi.* (Yabona?)

618 Ngoku, ukuba uyakuqaphela apha, ndicinga lomshumayeli ufumene enye kwi . . . into ethile kumgca omnye, iyakuphendulwa kamva kancinci.

619 UPetros Wokuqala isi-4 . . . okanye isi-2:4, ukuba niyaqaphela, "kuba xa uThixo engaziconganga iingelosi," upelwa njani la *ngelosi*? Omncinci "a." Yabona? Ngoku, ngapha, "imimoya eyayisekukhonxweni engazange yaguquka ekuzekeni kade komsindo ngemihla kaNowa," iingelosi ezikwazinye. Yayingamadoda: abathunywa, abashumayeli; "azicongwanga iingelosi." Ingaba beniyazi ukuba i . . . igama *ngelosi* lisuka kwigama "umthunywa"? Bangaphi abayaziyo ukuba *ingelosi* ngu "mthunywa"? Ngokuqinisekileyo, ingelosi ngumthunywa, "kwaye Akazange waziconga iingelosi." Yabona?

620 Kwaye ngapha kumaHebhere, niyakhumbula sigqithile kuyo kwiiveki ezimbalwa ezigqithileyo, "iingelosi"?

621 Kwaye ngaphaya kumaHe- . . . kwiSityhilelo, "Kwisithunywa sebandla lase Sardesi sibhalele ezi zinto. Kwisithunywa sebandla lase Efese sibhalele ezi zinto. Kwisithunywa sebandla . . . " Niyakhumbula oko? Kwaye silisa ngasemva igama *ingelosi*, kwaye kwisichazi magama, size sifumanise ukuba oko kuthetha "umthunywa." Ingaba nguye "umthunywa emhlabeni, umthunywa ongaphezu kwendalo," igama *ngelosi*.

622 Ke kwesi simo, ukuba singathatha isichazi magama sesiGrike size siyise ngasemva, niyakufumanisa ukuba iqalisa ukusuka ku "bathunywa, abathunywa bokuqala." Yabona, "Ukuba i . . . Ukuba Akaziconganga . . . Kuba xa uThixo engaziconganga iingelosi ezonayo," (Yabona?) "kwaye iziqu ezingaphezu kwendalo," (Yabona?) "emveni kokulinda . . . "

Ngoku qwalaselani, wathi:

> . . . *ukuba . . . engaziconganga iingelosi ezonayo, kodwa wazikhahlela phantsi esihogweni, waza wazinikela emixokelalweni yobumnyama, ukuba* zigcinelwe *umgwebo;*

623 Ngoko khangela ngaphaya kuPetros Wokuqala apha kwakhona, isi-3:19, qwalasela indlela oku okufundeka ngayo ngoku:

> Awathi *ekuwo waya washumayela koomoya abasekukhonxweni;*
>
> *Eyayifudula ingeva, xenikweni ukuzeka kade umsindo kukaThixo kwakulindile ngemihla kaNowa, . . .* (yabona, yayingabathunywa balamhla, abathunywa) *. . . kwakubona* ukuba kulungiswa *umkhombe, kuwo . . . oko kukuthi, imiphefumlo esibhozo yasindiswa ngamanzi.*

624 Ngoku ukuba niyakuqaphela xana ezo ziqu zaziseZulwini. Ngoku, ngapha kwiSityhilelo i-11...okanye isahluko se-7, ndiyakholwa...okanye hayi, hayi, sisahluko se-12. Unika umfanekiso womfazi emile; inyanga entlokweni yakhe kunye nelanga...okanye, ilanga entlokweni yakhe kunye nenyanga phantsi kweenyawo zakhe. Kwaye inamba enkulu yema ukuze umginye uMntwana kwamsinya nje Yena ezalwa, kwaye yathabatha umsila wayo yaza yarhola isithathu seenkwenkwezi zeZulu yaza yazilahlela emhlabeni. Ingaba nikuqaphele oko? Ngoku, oko akuthethi ukuba uSathana u—unomsila omde orhintyela abantu, kodwa "intsomi *awayibalisayo*," waza warhola isahlulo sesithathu sezo nkwenkwezi. Ezo nkwenkwezi yayiyimbewu ka Abraham.

625 Wathi u-Abraham, "Owu..."

626 UThixo waxelela u-Abraham, "Khangela phezulu emazulwini, uze uzibale iinkwenkwezi ukuba unganakho."

627 Wathi, "Andinakuyenza."

628 Wathi, "Ungenakho nokuyibala imbewu yakho," iinkwenkwezi.

629 Ngubani Eliqaqambileyo iKhwezi Lokusa? UYesu waseNazarete, elona liqaqambileyo elakhe laphila enyameni yomntu. UleliQaqambileyo iKhwezi Lokusa. Kwaye Uyimbewu ka Abraham, esiza ngo Isake. Kwaye thina, ekubeni sifile kuKristu, sithabatha iMbewu ka Abraham kunye neendlalifa ngokwedinga.

630 Ke iinkwenkwezi zezulu zazimele oomoya babantu apha. Kwaye xana inamba emfusa (iRoma, phantsi kwentsutshiso zayo) yawola isibini sesithathu se...okanye isithathu seenkwenkwezi, yaza yazikhahlela phantsi, oko kwakusekubethelelweni kweNkosi yethu uYesu xana bamalayo Yena waza Yena...waza wayikhahlela Yena phandle yaza ayabinanto yakwenza naYe; phaya yayisesasahlulo sesithathu seenkwenkwezi, ezizingelosi.

631 Yabona, emzimbeni wakho, ngaphakathi kwakho... (sifumane omnye umbuzo kokuya, ngokuthe ngqo, ukuyiphendula ngcono). Ke xana...Ngaphakathi kwakho ngumoya, omnye umntu. Umphandle wakho ngumntu omnye, umphakathi wakho ngomnye umntu. Ke umphakathi wakho kokungaphezu kwendalo, umphandle wakho ngumzimba. Yabona? Kwaye esisiqu, ukuba ungokhokelwa nguMoya, nguThixo, uba ngumthunywa kaThixo, okanye ingelosi. *Umthunywa* kaThixo, *ingelosi* kaThixo, ligama elikwalinye; akunakulahlula: umthunywa kaThixo, okanye, ingelosi kaThixo.

632 Kwaye yeyiphi enegunya elikhulu? INgelosi esuka eZulwini okanye ingelosi esepulpitini? Yeyiphi enalo? Ingelosi esepulpitini! UPawulos wathi, "Ukuba iNgelosi evela eZulwini

iyeza ize ishumayele nayiphi engenye ivangeli kuni kunaleyo endisele ndiyishumayele, mayisingelwe phantsi.” Ke ingelosi ethanjiswe ngoMoya oyiNgcwele kunye neLizwi imi ecaleni koThixo. Injalo lonto. EZulwini, igunya layo . . .

633 “Onke amagunya eZulwini nasemhlabeni anikelwe esandleni saM. Hambani, kwaye ndiyakuhamba nani. Nantoni eniyibophayo emhlabeni, ndiyakuyibopha eZulwini. Enikukhululayo emhlabeni, ndiyakukukhulula eZulwini.”

634 Owu, ukuba elingcwele iBandla elikhulu lingaqonda kuphela amandla alo okwenza ezi zinto! Kodwa kuko engako intandabuzo noloyiko nokungcangcazela, andazi nokuba iyakwenzeka, “Ingenza na?” Oko nje okuya kukhona, iBandla alinakuma nkqo. Kwaye xana yonke intetho yokoyika inyamalele noMoya oyiNgcwele ulilawula ngokupheleleyo iBandla, ngoko konke ukoyika kumkile, kwaye ela Bandla linamandla. Yabona? Kutheni, banayo yonke into iZulu elinayo emva kwabo. Bangabameli beTrone. Ngokuqinisekileyo! Ummeli kaKristu unegunya, kwaye yonke into uKristu anayo yeyommeli. Kwaye wathi Yena, “Hambani ngoko niye kulo lonke ihlabathi, ningamangqina aM emveni koMoya oyiNgcwele uthe weza kuni.” Kwaye yintoni ingqina? Ngummeli; kukuza ungqinele into ethile. Ewonke amandla eZulu asesandleni sakho! Owu, kutheni sihleli? Kwaye ibandla lilidlolo, kwaye sihleli asenzi nto. Kungokuba asiziqondi ezi zinto.

635 Ngoku, imiphefumlo eyayisekukhonxweni (engazenge iguquke), yayingezoziqu zibuNgelosi ezathi—ezathi zahliselwa ezantsi kwisimo seeNgelosi, kodwa yayiyimimoya yezo ziqu zibungelosi ezawayo phambi kokusekwa kwehlabathi, emva phaya xana imfazwe yenzekayo eZulwini. Kwaye uSathana ne—nenamba zalwayo, kwaze ngoko . . . okanye uMikayeli ne—kunye ne—inamba balwayo (kunye noLusifa). Kwaye uLusifa wakhutshelwa ngaphandle kunye nabo bonke abantwana bakhe (zonke iingelosi awathi wazikhohlisa), Kwaye ezo ngelosi zeza emhlabeni zaza emva koko zaba ngabantu. Kwaye xana zayenzayo, kuxa “oonyana bakaThixo babona iintombi zabantu zintle, baza bazithabathela abafazi.”

636 Bangoonyana bakaThixo. Wonke umntu ozelwe emhlabeni ngunyana kaThixo. Nokuba ungumoni okanye uyintoni, ungunyana kaThixo. Udalwe waba ngumfanekiso kaThixo ukwenzela ukudunyiswa kukaThixo, udalwe ngala ndlela. Kodwa uThixo ekuqalekeni wayazi ngubani oyakumamnkela Yena kwaye ngubani ongayi kumamankela Yena. Ngoko ke Yena wabanokumisela kwangaphambili, okanye, hayi ukumisela kwangaphambili, kodwa ngolwazi lwangaphambili Wayenakho ukuxela ngubani oyakusindiswa kwaye ngubani ongayi kusindiswa, kuba Yena wayazi ngowuphi umntu oyakuthatha owuphi umoya.

637 Kwaye loo mimoya esuka eTroneni kaThixo, kwaye ima phambi kweTrone kaThixo, kwaye yahlala . . . kwaye amawaka amawaka namawaka amawaka nelona xesha lide phambi kokuba ihlabathi lakhe laqalisa, eBukhoneni bukaThixo, ucinga azazi nto malunga nokunqula? Kwaye ziyehla zize zingene kanye ebantwini, zize zinqule uThixo! Ngokuqinisekileyo, zinqula uThixo; kwaye zinolwazi lukaThixo, kwaye zihlakaniphile, nobuqili, kwaye zifundile, zasoloko zinjalo. Kodwa uThixo wazala kusukela ekuqalekeni!,

638 Ke ngoko, sihlobo, ubulungu becawa, okanye—okanye ulwazi lwemfundo ethile yezenkolo okanye into ethile, ayinayo nento enye yokwenza naYo. Kufuneka ibe liGazi likaYesu Kristu kunye nozalo olutsha oludibanisa wena kuYe njengomntu omnye. Nantso ke.

639 UThixo, ekuqalekeni xana Wayaziyo ukuba . . . Amadoda nabafazi babenziwe babanye, hayi babababini, bebenziwe bababanye. Bohlulwa, omnye wabekwa kwinyama kwaye omnye wabekwa kumzimba welizwi. Wakwazi oko. Ke ukuze ubonakalise oko kuwe: xana uThixo wadala umfazi, Akazange athabathe uthuli oluthile aze enze yena njengoko Wayenzayo indoda; Wathabatha ubambo ecaleni lika Adam, waza waba yimveliso ephume kwenye imveliso yendoda (ngokuba uyinxalenye yakhe). Niyayifumana Yona ngoku? Yabona? Nantso ke.

640 Naziya iingelosi. Kwaye uThixo kunye nomoya ohlanganiswe noThixo nguMoya omnye. Injalo lonto. Ngoku, uMoya kaThixo ohleli eBandleni, nguMoya osuka eZulwini, awathi uThixo wawazi ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, awathi wala ubuxoki bomtyholi. Kwaye la moya kwafuneka uthabathe umzimba wenyama ukuze ube . . . uthabathe uvavanyo lwawo. Kwafuneka uze usenyameni njenge minye yenzayo, kwaye yonke ifakwe edyokhweni elinganayo. Kwaye uThixo, ngokwasekuqaleni, uyayazi imimoya eyakuza, nengayikuza. Nantso ke. Umtyholi ulumke kakhulu ebeya kukhohlisa nje nabanyuliweyo, ukuba benkunokwenzeka.

641 Ke le mimoya, ezi ngelosi ezashumayelayo, ezazisekukhonxweni; *iingelosi*, ukuba uyayiqaphela apha, ngu "i" omncinci ntoleyo ethetha "umntu"; iingelosi, abathunywa apha emhlabeni. Zona, kwaye indlela ekuphela kwayo ezinokona ngayo yayikukungakholwa! Kwaye indlela . . . Zazineenkolo ezizezazo, kwaye zange ziwukholelwe umyalezo kaNowa. Zange ziwukholelwe umyalezo ka Enoki. Kwaye zawala uMyalezo wazo, "zaze zagwetywa," iBhayibhile yathi zabanjalo.

642 U-Enoki waprofeta kuzo, wathi, "INkosi iyakuza kunye neshumi lamawaka wabangcwele baYo."

643 Kwaye baprofeta. Kwaye uNowa wakha umkhombe, baze bathi, "Ungumqengqeleki ongcwele! Ungumbaxi! Akukho nto enjengemvula ezayo." Kwaye ikhulu elinamashumi amabini eminyaka lagqitha, kwaye wayenenkolo eyayinosindiso kuyo, kwakukho indlela yokuzimela eyayenziwe, kodwa babenelisekile kwimeko yabo.

644 Leyo yindlela eyiyo namhlanje, athe umntu waneliseka zimeko zabo. Kodwa kukho indlela yokuzimela, kwaye la ndlela ingoYesu Kristu. Amen. Nantso ke: uhlanga olunye, oomoya abanye.

645 Kwaye yayingamadoda anenkolo ngenene, enenkolo ngenene, kodwa asiphosa isibhambathiso somnqophiso.

646 Injalo nanamhlanje. Umntu uyaya ecaweni, aze ajoyine iicawa ezinkulu, aze azame ukuba ngoyenamntu odumileyo wasesixekweni. Ukuba bafuna ukujoyina icawa, bafumana eyona inkulu esixekweni, eyona ingcono necingelwa kakukhle esixekweni. Bakude kangakanani nokuphosana nobizo! Bakude kangakanani nokuYiphosa!

647 Indlela ekuphela kwayo onokuze umazi uYesu Kristu kungokwesityhilelo sikamoya, hayi ngemfundo yezenkolo nokuba uyifundisisa kangakanani iBhayibhile. Nokuba ungumKristu weNzululwazi, umWisile, iNgqina likaYehova, okanye nokuba yintoni oyiyo; akukhathaliseki into oyiyo, akusokuze uYazi ngeLizwi, nguMoya kaThixo otyhila Yena kuwe. Sisityhilelo sikamoya!

648 Xana u-Adam, emyezweni we Eden, no Eva, xana abo bantwana bakhutshelwa ngaphandle, naku kusiza uKayin kunye nemfundo elungileyo yezenkolo. Wathi, "UThixo ufanele azi ukuba senza oku ngokusuka kokona kungcono—kokona kungcono kwentlizyo yam. Ndiyakwakha isibingelelo esihle, ndiyakubeka iintyantyambo kuso, ndiyakubeka iziqhamo kuso, ndiyakusenza sibe sihle. Ngokuqinisekileyo ndingamkholisa uThixo ngako oku ndize ndimenze Yena azi ukuba ndinyanisekile entliziyweni yam." Wayelungisile kangako iLizwi lahambayo; uThixo wayefuna unqulo, waya kunqula. Wenza indawo entle yokunqulela, enkulu, entle icawa (njengoko beyibiza namhlanje). Waza wayenza yalunga, wayakha kakuhle waza wabeka isibingelelo kuyo; wayengenguye ongakholwayo kubukho bukathixo.

649 Kodwa u-Abheli, phezu kweLizwi likaThixo... Kwakungekho Bhayibhile ibhaliweyo ngelo xesha, kodwa uThixo *wayityhila* kuye ukuba yayingesosiqhamo esasikhupha emyezweni we Edeni, yayingengoma apile abathi u-Adam no-Eva bawatya, ngokuqinisekileyo yayizizinto zesondo ezathi zabahlula kwaye zabahlulahlula bona. Kwaye ukwazi ukuba baba ngababafayo, kwaye ngegazi lika Adam, nangengazi lenyoka eyaqala oku, u-Abheli, ngesityhilelo esiNgcwele, waya waza

wafumana imvana wayinikela. Kwaye uThixo wathi, “Yiyo Leyo!” Ngokuqinisekileyo.

650 Xana behlayo besuka eNtabeni Yokwenziwa kumila kumbi, wathi uYesu, “Bathi abantu Ndingubani na mna Nyana womntu?”

651 “Abanye bathi Ungu ‘Moses,’ kwaye abanye bathi Ungu ‘Eliya,’ kwaye abanye bathi Ungu ‘Yeremiya,’ abanye bathi Ungu ‘lamProfeti.’”

652 Wathi, “Kodwa nina nithi NdinguBani?”

653 UPetros wathi, “Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilayo.”

654 Wathi, “Unoyolo wena, Simon kaYona, kuba inyama negazi azikutyhilelanga oku kuwe.” (Qwalasela!) “Hayi ngokombhalo kwakhona, hayi ngokwesikolo kwakhona; akuzange wayifunda kwisikolo sakwalizwi, kungekho namntu ukuxeleleyo. Inyama negazi azikutyhilelanga oku kuwe, kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilele. Kwaye phezu kweli litye Ndiyakulakhela iBandla laM, kwaye namasango esihogo awayi kuLeyisa.” Nantso ke. Nalo iBandla loThixo ophilayo. Nantso ke. Phezu kwela bandla . . . Phezu kwesa *sityhilelo*, eli Bandla lakhiwe. Sisityhilelo esiNgcwele athe uThixo wasityhila, sokuba uYesu Kristu nguNyana kaThixo, kwaye wena wamamnkela Yena njengoMsindisi wakho, udlulile ekufeni wangena eBomini.

655 Kwaye uMoya oyiNgcwele uyanyakama kwaye usebenza kumalunga alo Mzimba. Nalo iBandla! Akukhathaliseki ukuba lihluphekile, kwaye lisemishini, kwaye uma phandle phantsi komthi wepayina ndaweni ithile, okanye naphina apho kukhona, ukuba kusendlwini yomntu othile kumhlangano wabucala, akukhathaliseki nokuba iyakuba phi. Ubuhle nezinto azimthakathi uThixo. Kukunyaniseka kwentliziyo ngesityhilelo sokuba uYesu Kristu uye waziswa njengoNyana kaThixo, uMsindisi wethu. Amen!

656 Bethu, si . . . akusokuze uzifumane ezi zinto, ngokuqhubeka ngolwahlobo, singazifumana?

657 Nabaya abo bathi . . . ngaphaya awathi Waya; iingelosi: abathunywa, bona abashumayeli, bona abakrelekrele, abo bathunywa abangakholelwanga xana uNowa waya kushumayela kubo waza wabaxelela bona, “Kutheni, ngenani kulo mkhombe.”

658 Bathi, “Phulaphulani kulomqengqeleki ungcwele. Phulaphulani kula mbaxi. Kutheni, akukho mvula. Ngubani owakhe weva into enjalo? Kutheni, bethu, asinamabandla na? Asingabenkolo na?” Kutheni, babengabenkolo!

659 UYesu wathi iyakubasisizukulwana esagqithayo kanye ngoko, iyakuba sesasizukulwana siyakuphinda kwakhona nje ngaphambi koKubuya Kwakhe, “Njengoko kwakunjalo

ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana womntu. Kuba babesidla, besela, betshata, betshatisa.” BebeneReno, iNevada ngoko, ndaweni ithile. Babenazo zonke iintlobo zobuvuvu abanazo namhlanje; baqukane, baze baququzele, kwaye bahlekise, abagculeli kunye nanjalo njalo; benokumila kokuhlonela uThixo, kodwa beyiphika eyenene iNyaniso: umnqophiso, uMyalezo wobabalo. UThixo esenza indlela Yakhe, kwaye enika abantu oWakhe—oWakhe umnqophiso, indlela abanokusinda ngayo; Yayinosindiso kuyo, usindiso yayiyindawo yokusinda.

660 “Yintoni esiyindingayo ngosindiso?” Namhlanje abantu bathi, “Asiphili na phantsi kwesilungileyo isimo soburhulumente bentando yesininzi? Yintoni esiyindigayo?”

661 Andikhathali singakanani isimo soburhulumente bentando yesininzi esibuphilayo, sidinga iGazi likaYesu Kristu. Injalo! Sidinga uKristu. Ndisixabisile isimo sorhulumente wentando yesininzi; oko akunanto yakwenza kunye nosindiso lomphefumlo. Ngokuqinisekileyo! Abo rhulumente bayakugqitha, kwaye sonke isizwe siyakugqitha. Kwaye ndikhe ndema ngase . . . apho oofaro bemayo, kwaye kufanele wombe iinyawo ezingamashumi amabini phantsi komhlaba ukufumana iitrone zabo apho bahlalayo. Bonke oofaro kunye nezikumkani zakhe zalomhlaba, kunye nazo zonke izinto zayo zigevezelayo ziyakusilela kwaye ziphele, kodwa uYehova uyakulawula naphakade, kuba ungongenakufa uThixo. Ngokuqinileyo phezu kweLitye uKristu uYesu simile, kuba yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

662 Ndikhathali nokuba iyiyo . . . izikumkani ziyakuvuka zize zisilele, kodwa, owu, akukho nto, andikhathali nokuba iyiyo nantoni, akukho nto ngelilixa, akukho nto kwixesha elizayo, akukho nto (iindlala okanye iingozi okanye nantoni) enokusahlula eluthandweni lukaThixo elukuKristu. Xana umntu ezalwe ngoMoyeni kaThixo, akasesiso isidalwa kwakhona sexesha, kodwa usisidalwa sikaNaphakade. Amen. Ugqithile ekufeni wangena eBomini. Ugqithe kwi . . . Ugqithile kwimo yexesha, wangena kuNaphakade. Akanakunyamalala! Kwaye uThixo wafunga ukuba Uyakumvusa kwimhla yokugqibela.

663 Ke banganazo zonke iicawa zenu ezinkulu, kunye nawo onke amaxesha enu amnandi, nako konke enikunqwenelayo, nize nibalise iziqhulo zenu ezingcolileyo nenze nemidlalo yenu yeBunco, neesopholo zezuphu nayo yonke into engenye eniyifunayo; nize nibe nomshumayeli ofundileyo emile phaya. Mhlawumbi angenza umsebenzi ongcono kuyo kunabanye bala mancinci madala amakhwenkwe ekunzima nokwazi ooABC bawo. Kodwa ndinixelela inyaniso, ndingaske ndibe nenkwenkwe engabaziyo ooABC bayo ishumayela kum (emaziyo

uKristu) kunazo zonke izifundiswa zenkolo ezikhoyo zinazo zonke iimfundo ezinokufundiswa. Ngokuqinisekileyo!

664 Ezantsi apha eKentucky, kungekudala, encinci endala inkwenkwe ekwakunzima nokuba ifunde igama layo, yathi iNkosi iyibizile ukuba ishumayele kwaye yayifuna indlu yesikolo. Kutheni, abasemagunyeni bebengayi kuyivumela iyifumane. Othile obalulekileyo omkhulu umshumayeli weza phaya kunye nomqheba egameni lakhe *ngolwa* hlobo, othile omkhulu ugqirha wobungcwele, ngoba, bamvumela ukuba asifumane isikolo. Ngokuqisekileyo. Wabamba imvuselelo yeeveki ezimbini, akwabikho nomphefumlo omnye. Kwaye uyise wabuyela, wathi, "Ngoku nimvumele ukuba asifumane, ndingohlawula irhafu, ndinelungelo lokuba inkwenkwe yam isifumane. kwaye inkwenkwe yam ifanenele isifumane nayo."

665 Ke wabuyela emva ukuya kufumanisa, waze wababuza, bathi, "Ke, siyakumvumela asifumane okuncinci ubusuku obubini." Baza baqhubeka bamvumela asifumane ubusuku obubini.

666 Kwaye ngoba busuku leya incinci indala inkwenkwe yaphakama phaya kwaye yayingenakho nokufunda iBhayibhile, kwafuneka umntu othile ayifundele isiqendwana sayo. Kodwa xana yaya eqongeni, yayithanjiswe ngoMoya oyiNgcwele. Kwaye xa yashumayelayo, malunga namashumi amabini eza esiguqweni; kwaye lowa uzenze ngokwakhe umshumayeli walila indlela yakhe ukuphumela ukuya eKhalvari, esiguqweni.

667 Ngokuqinisekileyo, mzalwana, asiko—asikokwaziyo, nguLowo umaziyo. Nantso ke imbono, yilonto eyithabathayo, ithabatha ukwazi uKristu. Ukwazi yena, buBomi; ukwala Yena, kukufa.

668 Ngokukhawuleza ukuya kweminye imibuzo yethu, imibuzo ngoku eyehlela eGeorgia:

**67. Yintoni amatye kwi. . .ayimeleyo kwiSityhilelo ama-21:19 nama-20?**

669 Ukuba nithanda ukuthabatha ixesha lokuvula iiBhayibhile zenu, ntoleyo singenalo kangako ixesha ngoku, kodwa ndiyakuzama ukuphendula yona ngokukhawuleza. ISityhilelo amashumi amabini-. . .ndiyakholwa ngama-21:19 nama-20. Ewe.

670 Kulungile, khonaphaya niyakufumanisa ukuba wayethetha ngamatye awayesesakhiweni. Kwaye amatye ayiziziseko. Ukuba uyakuqaphela . . . Ndiyakholwa ninayo phaya, Mzalwana uNeville. Kwaye ilitye ngalinye lalisisiseko. Hayi ilitye elinye isiseko, kuze elinye. . .Kodwa litye ngalinye lalisisiseko. Ilitye ngalinye lalisisiseko okoko. Kwaye kwakukho amatye alishumi elinambini. Kwaye ukuba uyaqaphela loo matye alishumi elinambini, anika ngalinye . . . Kuqala iqala ngeyaspire,

nesardiyas, nanjalo njalo ngokufana nokuya, emele ilitye ngalinye.

671 EBhayibhileni phaya uyakufumanisa ayebizwa amatye athile. Amanye awo umahluko omncinci, anizange nive ngayo. Ukuba ukhangela ngasemva kwisichazi magama ufumanisa lilitye elikwalinye, nje igama elahlukileyo; liguqulwe.

672 Kodwa iqalisa nge—ngeyaspire. IYaspire yayililitye lika—likaBhenjamin, okanye, ilitye lika . . . owu, unyana wokuqala, uRubhen. Ilitye lokuqala yayinguRubhen, elaliyiyaspire. Ilitye lokugqibela yayinguBhenjamin, ilitye lokugqibela ngaphezulu.

673 Ngoku, lamatye alishumi elinambini esathi isiseko sabekwa kuwo, wona—wona amatye alishumi elinambini ajinga kwisigcina sifuba sika Aroni. Kwaye wona—wona amele, wayengumbingeleli omkhulu wezi—wezintlanga. Ngalinye ilitye lokuzalwa kwazo lilapha, kwesi—kwesi sigcina. Kwaye xana abantu babona esi sigcina, baqonda ukuba u-Aroni wayengumbingeleli omkhulu wesasizwe sonke, xana babona ilitye lokuzalwa kwesi sigcina.

674 Ngoku, xana sifumene oku ngale ntsasa kumyalezo kaMzalwana uNeville. Kwaye njengamaxesha amaninzi besisiza u-Urim Thummim. Niyayibona ixeliwe eBhayibhileni njengendlela ababesazi okokuba umyalezo wabo wawuyiNyaniso okanye hayi. Loo matye, xana ebesiya kuxela oko umntu akutshiloyo, umprofeti akuprofetileyo, kwaye loo matye onke ebedanyaza ngokudibeneyo. Ibisenza ubumbano lwezikhanyiso ezathabatha isafire, neyaspire, nelitye elibomvu, kunye nawo onke angamanye amatye ebonakalisa ukukhanya kwawo, yayisenza omkhulu omhle umbala womnyama owawusithi uhlanganise into yonke kunye.

675 Ngoku, ngoku, namhlanje, xana la Urim Thummim yasuswayo kunye noba bubingeleli, ngoku le Bhayibhile yi Urim Thummim kaThixo namhlanje. Kwaye xana umshumayeli eshumayela, akufuneki nje ibe yindawo enye encinci apha, kwaye kuko konke abeka ithemba lakhe kuko; kufuneka ibe yiBhayibhile yonke ibonakalisa umyalezo ewushumayelayo indoda. Leyo yinto. Hayi nje indawo enye, uze uthi, “Kulungile, iBhayibhile itsho *oku*.” Owu, ngokuqinisekileyo, Itsho izinto ezininzi. Kodwa ufunale uyenze yonke ihlanganiswe kunye. Kwaye xana uMoya kaThixo usiza uze ungene e—eLizwini, Uyibeka yonke ngokudibeneyo ize ibonakalise ukuKhanya okukhulu okunye, kwaye okwakuKhanya nguYesu Kristu. Amen.

676 Ngoku, lamatye alishumi elinambini yayiziziseko ezilishumi elinambini ezaqala ukusuka kuRubheni, noGadi, kunye nokwehlela ukuya kuBhenjamin; iintlanga ezilishumi elinambini, amatye alishumi elinambini. Kwaye loo matye

eTempileni, kwiYerusalem entsha yaseZulwini, isiseko ngasinye siyakubekwa phezu kwelinye lamaqhawe.

677 Ngoku qwalasela, niyaqaphela lamatye, ngoku nizakuqwalasela wona amaqhawe ebonakalisa kanye entweni ethile engenye, nje komnye umbuzo.

**68. Cacisa—cacisa eyesine . . . amarhamncwa amane eSityhilelo isi-5.**

678 Mzalwana uNeville, ukuba unako okuya kanye apho kufutshane, okanye omnye wenu, iSityhilelo isi-5, siyakufunda oku nje umzuzu. Ingu—ingumfanekiso omhle apha we . . . Apha, ndinawo ngokwam, iSityhilelo isahluko se-5:

> *Ndaza ndabona esandleni sasekunene salowo* uhleli phezu kwe—phezu *kwetrone incwadi ebhaliweyo ngaphakathi nangaphandle na—na—nakwicala langasemva, itywiniwe ngamatywina asixhenxe.*
>
> *Ndaza nda . . .*

679 Ngoku, leyo asiyiyo indawo. Ndifuna ukuya nje mganyana, amarhancwa amane. Masibone, umqolo we-14. Kulungile, mhlekazi. Ngoku nantsi, kulungile oku. Ngoku masiqaliseni phezulu apha ku—kumqolo we-12, hayi, ndiyaqikelela i . . . "Aze athi amarhancwa amane, 'Amen.'" Hayi, kukho indawo encinci ngasemva kokuya, Mzalwana uNeville. "Khangela, ndeva izwi . . . "

680 Masibone, nje umzuzu, bendiyifunda ngethuba eligqithileyo. Owu, nantsi, masiqaliseni kumqolo we-6. Umqolo we-5:

> *Yaze enye yamadoda amakhulu* yathi *kum, Musa ukulila: khangele, iNgonyama yohlanga lakwaYuda, iNgcambu kaDavide,* u*kweyisile ukuyivula incwadi, nokuwanqika a . . . amatywina ayo.*
>
> *Ndaza ndeva, kwaye, . . . embindini wetrone kwaye . . . amarhancwa amane, kwaye, embindini wamadoda amakhulu, kumi iMvana ingathi, ibixheliwe,* ineentloko *ezisixhenxe kunye namehlo asixhenxe, wona lawo angooMoya abasixhenxe . . . abathunyelwe* ukusuka . . . ukuya *emhlabeni.*

681 Ndifuna uwubambe la mbuzo, kwaye ukuba andiwufumani ezantsi apha emzuzwini, ndifuna uwuzise kwakhona, ndifuna ukuqubisana kokuya, "iMimoya esixhenxe yamehlo asixhenxe ayekwiMvana." Owu, yinto entle ngenene. (Kuhle, sifuna ukufumana umbuzo walomzalwana ngoku.) Kulungile, musani ukukulibala oko ngoku.

> *Waza weza wayithabatha incwadi esandleni salowo uhleli phezu kwetrone.*
>
> *Kwaye xana wayithabathayo, izilo ezine kunye namadoda amakhulu angamashumi amabini anesine*

> *aqubuda phambi kwemvana,... wonke kubo inohadi,...*

682 Ngoku, ezo ze—zezine—zezine izilo apha, ukuba niqaphele. Ngoku masiqhubeke size sifundeni nje umganyana:

> ...*amahadi* egolide,...*ezele zingqayi neziqhumiso,...nemithandazo yabangcwele.*

> *Kwaye* bavuma *ingoma entsha,...Ufanele*... (aqhubeka aze enza olawo...lonke unqulo lwawo kwiNkosi)

683 Ngoku, ezi zilo zine zeSityhilelo, ukuba niziqaphele, yonke indawo...(Nina bafundi beBhayibhile, kunye nomntu ozakuphulaphula kwezi teyiphu zishicilelweyo). Ezo zilo zine, zazinobuso obune: esinye sinobuso obungathi bobomntu, esinye sinobuso obungathi bobenkomo, kwaye obunye ubuso babufana nokhozi, kwaye obunye ubuso babufana nengonyama. Kwaye azizange zaya ngasemva, zazingenakuya ngasemva.

684 Bangaphi abakhumbulayo incwadi endala yeSityhilelo xana bayifundisayo kwiminyaka eyagqithayo, xana ndathabatha malunga neminyaka emibini apha kwiNcwadi yeSityhilelo? Uninzi loomadala bayakhumbula.

685 Khangela, zazingenakuya ngasemva, ngokuba yonke indlela ezaya ngayo zazisiya phambili. Ukuba zazisiya *ngale* ndlela, zazihamba ngokungathi ngumntu; ukuba zazisiya *ngale* ndlela, zazihamba ngokungathi yingonyama; zaya *ngale* ndlela, zazihamba ngokungathi likhozi; ukuba zazisiya *ngale* ndlela, zazihamba ngathi yinkomo. Yabona, zazingenakuya emva, zazisiya phambili lonke ixesha.

686 Ngoku ezo zilo zine. Ngoku ukukhawulezisa oku, kuba andifuni kuhlala xesha elide koku. Kodwa izilo ezine...I*silo*, eBhayibhileni, simele "amandla." Kwaye niyaqaphela ezi zilo zazingekho ngaphandle ngaphaya echibini okanye elwandle ndaweni ithile zisenyuka, kodwa zaziseTroneni kaThixo, kwaye zazinqula uThixo. Ezo zilo zine zithetha amadla amane awavela ephuma emhlabeni, kwaye loo mandla mane yiyiziiVangeli ezine: UMateyu, Marko, Luka, noYohane; enye ayiphikisani nenye.

687 Kwaye enye yazo, i...Njengoko iVangeli isiya phambili njengengonyama, iqinile, yomelele; iVangeli ikhaliphile njengengonyama, kwaye yikumkani njengengonyama. Ukuba iya ngasebusweni bomntu, inobuqhinga kwaye inobuqili njengomntu. Ukuba iya ngokokhozi, inamaphiko akhawulezayo kunye neendawo eziphakamileyo. I...Yabona endithetha kona? Ukuba ihamba okwenkomo, lihashe lokusebenza elinokutsala, inkomo yokusebenza etsala u—u—umthwalo weVangeli. Izilo ezine yayingamandla amane, ntoleyo yayingu: Mateyu, Marko, Luka, noYohane; iiVangeli ezine ezatshoyo eBukhoneni bukaThixo. Oko yayi...

688 Ukuba niqaphele, zazinamehlo ngaphambili nangasemva. Za—za . . . Yonke indawo eyayisiya, yabonakalisa. Zazibona kuyo yonke indawo ezazisiya kuyo. Kwaye lawo ngamandla eVangeli njengoko iphuma, ingenza . . . Inobuqili bomntu; inokukhawuleza kokhonzi; ina—a—a—amandla, amandla okutsala, umthwali mthwalo njengenkomo; inoku—kuqina nokomelela kwengonyama. Yabona, ziiVangeli ezine, ezingamandla amane eSityhilelo, isahluko se-4.

Kulungile, ngoku okulandelayo:

**69. Ngobani lamadoda amakhulu angamashumi amabini anesine?** Kulungile, ndiyakholwa okuya kubakuba kwi . . . **Ngobani lamadoda amakhulu angamashumi amabini anesine?**

689 Ngoku oko kokulula nje, esingafika kuko. Amashumi amabini anesine amadoda amakhulu ayehleli phambi kweTrone. Oko kuse . . . Ndiyakholwa kukumqolo we-4, kulapho ifumanekayo. "Kwaye kwaphuma enye . . ." Ndifanele ndi . . . Masibone, ndi . . . 4:10.

690 Kulungile, iSityhilelo, isahluko se-4, kunye nomqolo we-10. Injalo. Siyakufika kuyo.

> Aza *amadoda amakhulu* awa *phantsi phambi kwakhe lowo uhleli etroneni,* aqubuda *kuye lowo udla ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni, aza aphosa izithsaba zawo phambi kwetrone esithi,*
>
> *Ufanele, Owu Nkosi, ukwamnkela uzuko nembeko namandla: ngokuba inguwe owadala zonke izinto, nangenxa yokuthanda kwakho zikho kwaye zadalwa.*

691 Ngoku amadoda amakhulu angamashumi amabini anesine. Indoda enkulu yimboni. Ngoku qaphela, yayingamaqhawe alishumi elinambini kunye nabapostile abalishumi elinambini. Kwaye babehleli, ishumi elinambini kwicala elinye neshumi elinambini kwelinye icala. Babengamashumi amabini anesine amadoda amakhulu, ntoleyo yayingamaqhawe alishumi elinambini kwicala elinye, iTestamente Endala, abapostile abalishumi elinambini kwelinye icala, beTestamente Entsha. Akatshongo na uYesu, "Niyakuhlala kwiitrone ezilishumi elinambini, nigwebe izizwe ezilishumi elinambini zikaSirayeli"?

692 Ngoku, iziseko. Jonga, kukho nomthi phaya. Kwaye umthi kwelinye icala uthwele iintlobo ezilishumi elinambini zesiqhamo. Kwaye zivelisa isiqhamo sazo kanye ngenyanga, ntoleyo izinyanga ezilishumi elinambini enyakeni. Zinikezela ngeentlobo zesiqhamo ezilishumi elinambini qho ngonyaka njengoko uqhubeka. *Ishumi elinambini* lela nani "lokunqula", uyabona. Kwaye phaya amashumi amabini anesine, iyakuba ngamashumi amabini anesine, abapostile abalishumi elinambini namaqhawe alishumi elinambini. Bahleli eTroneni.

693 Kulungile, ngoku umqolo we-4, okanye, umbuzo wesine:

**70. Yintoni usinga olubomvu elimele kona kwiGenesis ama-38?**

694 Usinga olubomvu, ukuba niyaqaphela, yayinguYuda. Kwaye wayenoonyana, kwaye omnye woonyana bakhe watshata umfazi womKanana. Kwaye lomfazi womKanana zange abe nabantwana, waza unyana wakhe wafa. Emva koko, umthetho ngoko yayikukuthabatha . . . unyana olandelayo kwakufuneka athabatha umfazi womntakwabo, aze amvelisele imbewu ofileyo. Kwaye enye indoda zange isebenzisane yenze njengoko kwakufanele yenze, yaze iNkosi yayibulala. Emva koko wayenonyana omncinci; ke uYuda wathi, "Linda de lo nyana aqhube . . . akhule kude kube yindawo apho unokumtshata khona."

695 Kwaye xana wakhulayo ukuba abe kwindawo apho wayenokutshata owayengumfazi wabantakwabo ababini, ke, kwakufanele athabathe yena ngoko, avelisele imbewu abantakwabo abo babe . . . ababethe bafa ngaphambi kwakhe. UYuda zange amnike umfazi (umfazi womKanana) unyana wakhe, inkwenkwe, waza wamyeka nje waqhubeka. Ke umfazi wabona ukuba wayesenza ngokungalunganga, ke waphuma waza wazibhijela ngesingqubuthelo ebusweni bakhe, waza wahlala kwindawo esesidlangalaleni njengehenyukazi liyakwenza.

696 UYuda wegqitha waza wathabatha umfazi njengomkakhe, kwaye wayelihenyukazi, kwaye wahlala naye. Waza wathi, wathi umfazi, "Ke, yintoni oyakundinika yona ibe sisibambiso?" Waza wathi . . . wathi umfazi . . .

697 Wathi, "Ndiyakukunika i—itakane lebhokhwe." Wathi, "Ke, ndinike umqondiso wokuba uyakuyenza." Ke wathabatha umsimelelo wakhe kunye nomsesane wokutywina nanjalo njalo, waza wazigcina.

698 Kwaye xana bezisa itakane, ababanga nakulifumana ihenyukazi, kuba wayengelohenyukazi.

699 Emva kwethuba, wabonakalisa ukuba uza kuba ngumama. Kwaye xa wabonakalisayo ukuba wayezakuba ngumama, beza bamxelela uYuda, "Umolokazana wakho uzenze ihenyukazi." Wathi, "Ngokuba yena—yena uzakuba ngumama, kwaye omabini amakhwenkwe akho afile."

700 Wathi, "Kulungile, uzakubizelwa ngaphambili, aze atshiswe."

701 Kwaye ke wathumela ilizwi kuYuda, waza wathi, "Indoda eyenze oku, ngowayo lo msimelelo kunye nalo msesane wokutywina." Kulungile, lowo yayinguyise-zala.

702 Waza wathi, "Ungoyena ulilungisa kunam."

703 Ngoku, xana wakwaziyo oko ukuba abantwana bakhe babezakuzalwa, babengamawele. Kwaye xa iwele . . . Usana

lokuqala olwaluzakuzalwa, isiko elidala lamaYuda, umntwana wokuqala unobuzibulo, umntwana wokuqala ukuvela. Kwaye lowo, khumbulani, yayingumntwana wakhe wokuqala. Akukho nanye yamakhwenkwe eyaba nabantwana ngaye. Akazange abe namntwana de kube leli xesha.

704 Kwaye xana umntwana wakhe wokuqala wavelayo, yayisisandla nje. Waze umzalisi wabhijela usinga olubomvu kuye, ngokuba usinga olubomvu luthetha intlangulo yokuba unyana wokuqala wentombi uMariya uyakuba . . . unosinga olubomvu lwentlangulo.

705 Kwaye xana wasibuyisela ngasemva isandla sakhe, omnye waphuma kuqala. Kwaye xana wenza, wathi, "Kutheni ukwenzile oku? Omnye unobuzibulo."

706 Ke yilonto iGenesis ama-38 ekuthethayo, niyabona, okokuba umntwana wokuqala usahleli kude kuze iNkosi uYesu Kristu, okokuba owokuqala wayephantsi komthetho wentlangulo.

707 Niyayazi ndithe . . . imeyile encinci, niyayazi, ndinixelele malunga, okokuba amehlo ayo aye . . . nantoni engenye, iindlebe zayo zophukele ezantsi, kodwa, ukuba yayizelwe inobuzibulo, emsulwa, egqibeleleyo imvana yafa endaweni yayo. Nantso ke.

708 Ke oko yayisenzelwa ubuzibulo. Usana lokuqala elalivela kunina, kwaye babona esa sandla (kwaye bayazi ukuba sinokubuyela ngasemva). Kwaye xana watyhalela isandla sakhe phambili ukubonisa ukuba unabo, waba ngowokuqala, umzalisikazi wabhijela usinga olubomvu kuso laza labuyisela isandla salo ngasemva. Yabona? Kodwa, ngokuqinisekileyo, wayengowokuqala. Olo yayilusinga olubomvu, usinga olubomvu lune . . . yonke indlela ngeBhayibhile, luthetha intlangulo; eyayisalatha ngaphambili kumntwana wokuqala ozayo.

709 Ihashe lokuqala ukuzalwa, inkomo yokuqala, nokuba yayiyintoni, yonke into eyayizalwa kuqala (yayivela) yayiphantsi kwentlangulo, kwakufuneka ihlangulwe; yonke into kwakufuneka ihlangulwe! Haleluya! Owu, oko kundenza imincili. Niyayifumana? *Eyokuqala* kwafuneka ihlangulwe. Yayingumthetho. Malibongwe iGama leNkosi!

710 Kwaye xana uYesu Kristu wazalwayo, Wahlangula ihlabathi lonke. Ngokuqinisekileyo, Wayenza. WayenguMhlanguli waso sonke isidalwa esakhe sadalwa emhlabeni. WayenguMhlanguli. Kwaye e . . . yonke intlangulo ilele kuYe, kwaye akukho ndlela yimbi konke konke onokukhe uze ngemisebenzi emihle, ngokujoyina icawa, okanye nantoni eyiyo; kufuneka uze ngosinga olubomvu, laMhlanguli, laMhlanguli ungowethu.

Kulungile, ngoku olandelayo yi:

**71. Ziphi izipho . . . Zeziphi izipho ezizakuthunyelwa malunga nokufa kwamangqina amabini eSityhilelo i-11?**

Owu, Mzalwana uPalmer, ukuba akunakubuza imibuzo ethile!

711 Ngoku, intlangulo, lemicwe apha, lemisonto ibomvu, siyayibona ithetha intlangulo.

712 Ngoku umbuzo olandelayo ngu:

**Yintoni izipho kwiSityhilelo i-11?**

713 Kuza ilixa . . . Ngoku apha kuzakuphendulwa umbuzo obuphendulwe ngobunye ubusuku, athe umhlobo wam ongumshumayeli wabhala malunga namaYuda, indlela ekuyakuba yiyo.

714 Ngoku la maYuda anesithembiso seminyaka emithathu enesiqingatha kuwo. Bangaphi abakwaziyo oko? Iiveki ezingamashumi asixhenxe zathenjiswa. Wathi, "UMesiya uyakuza aze anqanyulwe embindini." Iminyaka emithathu enesiqingatha uKristu washumayela, wabulawa kanye kwiminyaka emithathu enesiqingatha, iminyaka emithathu neenyanga ezintandathu Washumayela.

715 Laze ngoko isikizi lesiphanziso, u—usilamsi ka Omar wabekwa kuMhlaba oNgcwele; njengoko watshoyo uThixo, amashumi amabini anesihlanu amakhulu eminyaka phambi kokuba yenzeke, iyakube imile phaya. Umprofeti wayibona, kwaye wayibona, waza wathi bayakuyenza, iiNtlanga, ziyakuthabatha phaya lide ixesha leeNtlanga ligqitywe.

716 Ngoku kusasele isithembiso seminyaka emithathu enesiqingatha. Ukuba niyaqaphela, la mangqina eSityhilelo i-11 aprofeta iwaka, amakhulu amabini anamashumi amathandathu eentsuku; ngokuthe ngqo iminyaka emithathu enesiqingatha seminyaka. Ngoku . . . kwaye ayekwezirhwexayo. Ngoku, jonga ulungiselelo labo, into abayiyo. Ngoku, la mangqina mabini ayabulawa.

717 Ngoku, i . . . Abuyela kumaYuda emveni koXhwilo lweBandla leNtlanga. IBandla leNtlanga liya eKhaya kwiSidlo sangokuhlwa soMtshato, kwaye njengoRebheka wathatyathelwa kwindawo ka Abraham no Isake kwaye batshata. Kwaye uRebheka no Isake baphuma nebango eligcweleyo lento yonke awathi wanayo u-Abraham, yonke yaya ku Isake. Ngokuqinisekileyo! Kwaye ibingenakuza ku Isake kude kuqala u-Isake atshate. Owu haleluya! Nantso ke.

718 Kwaye uKristu uba . . . UThixo uhlala kokwakugqibelela, umzimba owonakalisiweyo ngokugqibeleleyo naphakade nokuyokutsho kuNaphakade. Xana imvana kunye noMtshakazi betshatile eZulwini, Uyaphuma ekwibango eligcweleyo. Ngokuqinisekileyo! U-Isake noRebheka baphuma nebango eligcweleyo.

719 Kwaye ngelixa lomsitho uqhubeka eZulwini, woMtshakazi, uMtshakazi weNtlanga utshatiselwa kwiNkosana (uNyana

kaThixo), eLuzukweni; ngelixa betshatiswa, kukho iminyaka emithathu enesiqingatha eyenzekayo ngelilixa i . . . uMoses no Eliya . . .

720 Ntoleyo, uMoses angazange angangabikho . . . hayi, umzimba wakhe wathwalwa wasuswa. IiNgelosi zamthabatha, zange wonakale, zange ubole. Wayeluhlobo olugqibeleleyo lukaKristu. Wafa zaza iiNgelosi zamthwala zamsusa, kwaye nkqu nomtyholi akayazi apho wangcwatyelwa khona, kwaye wazama ukubangisana noMikhayeli uMphathi zithunywa malunga nokungcwatywa kwakhe. Oko koko iBhayibhile yakutshoyo. UThixo wamthabathela kuXhwilo.

721 Kwaye u-Eliya, xana wayehamba phaya, umprofeti kaThixo, wehlela eYordane, wakhulula ingubo yakhe waza wabetha amanzi, aze aya ngasekunene nangasekhohlo. Wanyukela entabeni. U-Elisha wathi . . . Wathi, “Undilandela ngani na?”

722 Wathi, “Ndifuna isahlulo sesibini soMoya wakho.”

723 Wathi, “Ucele into enzima, kodwa ukuba undibonile xana ndimkayo.” Wagcina amehlo akhe kuye.

724 Kwaye emveni kwethuba, ukwehla ukusuka eZulwini kweza inqwelo yomlilo neeNgelosi zomlilo, amahashe omlilo, u-Eliya wakhwela waza wenyukela eLuzukweni. Akazange wakungcamla ukufa, waguqulelwa, ufanele afe!

725 Kwaye ukuba uyakuqaphela aba baprofeti babini beSityhilelo i-11, benza eyona nto uMoses no Eliya bayenzayo. Uthi, “Mzalwana uBranham, ingaba uthetha ukundixelela ukuba u-Eliya noMoses basaphila?” Ngokuqinisekileyo!

726 Ngokuba, ngaphambi kweNtaba Yoguqulelo lwemizimba . . . KwiNtaba Yoguqulelo lwemizimba, ngaphambi kokuba uYesu aye eKhalvari, nako kumi bobabini uMoses no Eliya bemile phaya bethetha naYe. Ngokuqinisekileyo, bayenza, abafanga. Kwaye zange bafe; bangafa, bafanele bafe. Ke bakwisimo semizimba yozuko nje belindele ela xesha.

727 Kwaye ngoko xana bebuya bashumayele ngqo iminyaka emithathu enesiqingatha phantsi kwentambiso yoBhaptizo loMoya oyiNgcwele, ngelixa iintsikelelo zisuswa kwiiNtlanga (kwaye iBandla lithatyathelwa phezulu); kwaye elibandayo, lokusesikweni ibandla lizingelwa njengezinja, bubukomanisi nombutho wamaRoma, kwaye xana bezingelwa kwaye babulawe. Ba—bayabulawa ngoko; aba baprofeti bashumayela iminyaka emithathu enesiqingatha, kwaye iBhayibhile yathi babulawelwa kubukhulu . . . estratweni, esibizwa eyomoya, iSodom neYiphutha, apho iNkosi yethu yabethelelwa emnqamlezweni. Oko kusemva eYerusalem; yabona, emva eYerusalem, ukubizwa ngokomoya.

728 Kwaye balala estratweni iintsuku ezintathu nobusuku. Kwaye emva koko ekupheleni kweentsuku ezintathu

ezinesiqingatha, umoya wobomi waza kubo baza bavuka. Kwafuneka bafe njengabanye abanakho ukufa, kwafuneka bayenze. Kwaye xana bababulalayo aba baprofeti babini . . .

729 Bashumayela ngokuchasene nokungalunganga, kwaye bazisa umlilo uphuma ezulwini. Ngubani owakwenzayo oko? Yabona? Bazisa izibetho ziphuma ezulwini, baza bawubetha umhlaba ngokukhawuleza kangokuba . . . kwaye nangaliphi ixesha ababefuna. Kwaye bazisa umlilo usuka ezulwini. Baza bemisa amazulu ukuba ingani, kangangoko babefuna. Yayingoobani abo? Ngokuqinisekileyo uMoses no Eliya. Kwaye nangaya wona lomangqina amabini.

730 Kwaye xana balithuthumbisayo ibandla, okanye ihlabathi, ngentshumayelo yabo, baza bawazuza amaYuda, baza bawabuyisela enguqukweni, ukubabuyisela emva ekukholweni kwi . . . Xana babona uYesu esiza kuMtshakazi, bayakuthi, "Yabona, lena yiNkosi yethu Leyo besiyilindile. Leyo yiYo!" Kodwa Ayizi kubo; Uza kuMtshakazi Wakhe. Kwaye uMtshakazi Wakhe . . .

731 Xana uYosefu waya eYiphutha, akazange athabathe abantakwabo kunye naye, kodwa wafumana umtshakazi wakhe phaya. Ngokuqinisekileyo! Kodwa xana wazazisa kubantakwabo, kwakungekho mntu ukhoyo. Oko kunjalo ngqo. Kwaye xana Ezazisa kulamaYuda, akuyi kubakho mntu phaya kuphela ngamaYuda. Nabaya abaya bambulalalyo uYosefu, bemile phaya; kwaye wathi, "Kulungile, ndinguYosefu, umntakwenu." Waza walila.

732 Kwaye bathi, "Ngoku siyayazi sisengxakini, ngokuba sambulala yena."

733 Into ekwanye, loo maYuda ayakuba nela xesha likhulu lengxaki nje phambi kokuza ngoku, kwentshutshiso ibabuyisele emva kwilizwe lakowabo. Iyabadudula njengegqubа leegusha ibabuyisela emva kwiNtaba YeKarmele ngaphaya.

734 Xana iNkosi uYesu iyakuza kuMtshakazi waYo, kwaye bayibona Yona, bayakuthi, "Lowa nguLowo silindele yena, nankuya Yena!" Uyakuvuka enempiliso emaphikweni Akhe. Injalo lonto.

735 Kwaye ibandla, intsalela yamaYuda, xana bade bababulala aba baprofeti babini, kwaye belele estratweni ngokomoya esibizwa iSodom neYiphutha, apho iNkosi yethu yabethelelwa emnqamlezweni, bathumela izipho omnye komnye (ihlabathi liyayenza).

736 Ngoku, Mzalwana uPalmer, nantsi. Jonga emva kwimbali yeRoma kwaye uyakufumanisa kukho isizwe esinye kuphela ehlabathini lonke esakhe sathumela izipho emva kwedabi, obo buBukhosi baseRoma.

737 Eso sisizathu enditsho ngaso ukuba umchasikristu uphuma eRoma. Irhamncwa liphuma eRoma, alinakuphuma eMoscow. Liphuma eRoma, irhamncwa elibomvu elema kumfazi ukuze limginye uMntwana kwamsinya Ezalwa. Umtyholi, wayephi lamtyholi? Yayingubani? UKhesare Augustus owathumela waza wabulala bonke abantwana ukusuka kwiminyaka emibini ubudala ukwehla. Inamba ebomvu, inamba, *irhamncwa* lithetha "amandla." Amandla eRoma atshutshisa aze azama ukufumana laMntwana uKristu.

738 Kwaye kwala nto inye! Lonke ixesha athi amaRoma, abanquli zithixo bakudala amaRoma ayeqhele ukuba noloyiso olukhulu, ebeya kuthumela amatye amhlophe nayo yonke into omnye komnye, njengezipho ngolwahlobo, njengezikhumbuzo. Ke loo matye aye... Yayiyintoni, yayizizipho ezincinci ezithunyelwa phakathi kwebandla lamaRoma. Ngokuqinisekileyo! Ngqo. Ifanele ibe njalo.

739 Ndema kanye phaya kwiSixeko iVatican ndayiqinisekisa ngeBhayibhile. Upope enxibe izithsaba ezintathu, *Vicarivs Filii Dei,* zonke ezo zinto endithe ndaziva nanjalo njalo, ngokwenene ziyinyaniso; iqela elinenkolo elilawula sonke isizwe esiphantsi kweZulu, kwaye siyayenza. Nantsiya, injalo.

740 Akukho kuchasana nabantu beKatolika (hayi, mhlekazi), bangabalungileyo nje njengaye wonke umntu ongomnye, kodwa inkolo yabo ayilunganga ngokweBhayibhile. Ukuba leBhayibhile ilungile, abalunganga. Bathi abayenzi... "Akukhathaliseki yintoni iBhayibhile eyitshoyo, koko ibandla elikutshoyo." Siyakholwa ukuba iBhayibhile ithetha ngelona gunya! Ngokuqinisekileyo, liLizwi likaThixo.

741 Ke uyabona phaya, la matye ayethunyelwe ngoko, eSityhilelo apha, nga—amatye ayezizipho ethunyelwa omnye komnye. Ntoleyo kuphela ebonisa... IBhayibhile yathi, iSityhilelo apha, yathi, "Makathi lowo unobulumko abale amanani erhamncwa. Makathi lowo unobulumko enze *nje-na-nje*. Makathi lowo unomoya wezipho ezithile enze *nje-na-nje*." Uyabona indlela ibandla elisilela ngayo?

742 Umfana undibuzile ngale ntsasa malunga nezipho zikamoya, malunga nokuthetha ngeelwimi. Umfo osemtsha, onyaniseke kakhulu, ndiyakholwa uzakuba ngumlungiseleli ngenye yezi mini. Kwaye malunga nebandla, ndathi, "Kukho okuninzi kwayo okuyinyama. Asikufuni okuya, kodwa sifuna into eyeyenene. Silangazelela ukuyifumana."

743 Akunakuya ekuyifundiseni ebandleni; into yokuqala uyayazi, ufumana, omnye unolwimi, omnye unendumiso, emva koko ufanele uxakane nento. Kodwa xana uThixo enikeze ngesipho ngokuzimela geqe, siyakuzibonakalalisa. Injalo lonto. Yabona, ezo zizipho zikaThixo, koko Yena akuthumela eBandleni ukuze leyise.

744 Ngoku, umchasikristu unento njengezinto eziluncedo nezingeloncedo, une—ne—nendlela egqwethekileyo yokuyenza. Kwaye obo bubukhosi bamaRoma obuthumela izipho omnye komnye, izipho zasenyameni. UThixo uthumela izipho zomoya kubeyisi; amaRoma athumela izipho zenyama omnye komnye.

745 Siyakholwa uMoya oyiNgcwele nguMoya, siwamnkelayo Wona ngobhaptizo oluza lusuka eNyangweni.

746 Ibandla leKatolika lifundisa, "Umthendeleko ongcwele ongumzimba kaKristu; okokuba xana usamnkela esi sonka nekosher, si*ngu*Moya oyiNgcwele, uMoya oyiNgcwele, umthendeleko ongcwele." Yabona?

747 Siyakholwa liqhekeza lesonka, asikholelwa sona singumzimba kaKristu, (silungiselela ukusithabatha kwimizuzu embalwa). Siyakholelwa simele umzimba kaKristu. Kodwa asingo . . .

748 Lowo ngumahluko phakathi kwemfundiso yeKatolika neProtestanti. Yabona? Ibandla leKatolika lithi, "Umzimba yi . . . Isonka *ngu*mzimba nje ngokuphandle. Ibandla linamandla okuguqula oku." Ingaba wakhe wambona umKatolika egqitha icawa, aqubude intloko yakhe, enze umnqamlezo? Kwaye ngokuba okwa kukhanya kuncinci kuvutha ebandleni phaya phantsi kwala mnquba mncinci. Kunesibane esincinci phaya, kwaye esasonka sekosher silele phaya. "Kwaye lowa ngumzimba kaKristu. Kwaye xana uthabatha okuya, uthabatha umzimba kaKristu ngokuphandle kumthendeleko wenu wokuqala kunye nentlambululo zenu nanjalo njalo. Uyathabatha, ngokuphandle, umzimba kaKristu."

749 Sitsho ukuba *imele* umzimba kaKristu, yabona, okokuba asiyonto ehlabathini kuphela iqhekeza lesonka. Kwaye akukhathaliseki nokuba ibingesiso kwa isonka, ukuba ibiyinto nayiphi engenye, ibiyakumela nje into ekwanye. Nje—nje ngqo. Nokuba ba . . .

750 Njengaba bantu abathi, "Andiyi kubhaptizelwa equleni, ndifuna ukubhaptizelwa emlanjeni."

751 Yintoni umahluko ewenzayo, okoko nje ubhaptiziwe? Ukuba kusequleni, kwaye . . . Ngoba, uFilipu wabhaptizelwa equleni . . . xana ithenwa labhaptizwayo. Xana uFilipu wabhaptizela ithenwa equleni, uMoya oyiNgcwele wamxhwila kangangokuba Wathabatha uFilipu wamsusa, akakhange abonakale okweemayile ezingamakhulu amabini. Wamthabatha kuMoya, wamnika i—inqwelo yokulwa ephuma eZulwini ukwenzela amakhulu amabini eemayile. Amen. Iyamangalisa!

Ngoku:

**Bayakubaphi abangcwele emveni kolawulo lewaka leminyaka? Kwaye hlobo luni lomzimba abayakuba nalo?** Ndiyakubuyela emva kokuya emzuzwini. [UMzalwana

uBranham uphendula lo mbuzo kumhlathi wama-820, njengombuzo wama-74—Mhl.] Bayakubakunye noYesu.

752 Kulungile, u—umbuzo wesixhenxe:

**72. Siyakuzigweba njani iingelosi?**

753 Oko kufumaneka kwi . . . Siyakuzigweba njani iingelosi? Ngokuthi sibe ngoonyana neentombi zikaThixo. Iingelosi zizicaka; singoonyana neentombi zikaThixo. Kwaye iBhayibhile yathi siyakugweba iingelosi. Injalo lonto. Ngoku, ngoku ukuba u . . .

Umbuzo we-8:

**73. Kutheni iinwele ngenxa yeengelosi kwabaseKorinte Bokuqala?**

754 Ngoku umntu othile makandifumanele abaseKorinte Bokuqala, i—isahluko se-11, kwaye siyakubona phaya, ukuba niyakufumanisa ukuba i—i . . . KwabaseKorinte, ese—ese-11, sifumanisa ukuba uPawulos uyathetha. Mandifumane ngaphaya kuyo nje umzuzu, kuze emva koko siyakuyifunda ngokukhawuleza size si—siyakuba nayo ezantsi.

755 Ndifumene into yokutsho kulo ungomnye umqolo apha, endithemba iNkosi isinike ngendlela esifanele siyifumane ngayo. Ukuba umntu othile uwufumene . . . Ndicinga ukuba sisahluko se-11, ehe, kulungile. Ngoku phulaphulisisani, ngokuzondeleleyo ngoku, ukuze nibe nokuyiqonda. Ngoku thabathani sonke isazela senu nize nisebeke epokothweni yevesti de kube semva kokuba ndikufundile oku, niyabona, thethile kuKo. Phulaphulisisani ngendzondelelo, lona ngu ITSHO INKOSI:

> *Yibani ngabalandela mna, njengokuba nam . . . ndingokaKristu.* (Watsho uPawulos, "Landelani mna, njengokuba nam ndilandela uKristu.")
>
> *Ngoku ndiyanidumisa, bazalwana, ukuba nindikhumbule kuzo zonke izinto,* nizibambile *izithethe, njengoko ndaninikelayo . . .* ku*ni.*
>
> *Kodwa ke ndithanda ukuba nazi, ukuba intloko yomntu wonke nguKristu; kwaye intloko yomfazi yindoda; nentloko kaKristu nguThixo.*

756 Khangela injani? UThixo, uKristu, indoda, umfazi. Ngoku:

> *Yonke indoda ithandaza okanye iprofeta, inentloko yayo igqubuthele,* ihlazisa *uKristu.*
>
> *Kodwa wonke umfazi* ethandaza *okanye* eprofeta *enentloko yakhe ingagqubuthelanga* uhlazisa *intloko yakhe: . . .*

757 Ngoku sifumana nje umzuzu, kwaye sinibonise ukuba iinwele emfazini sisigqubuthelo sakhe:

. . .*kuba oko* . . .*kuyinto enye nokuba uchetyiwe.* (Oko kuthetha ukuba—ukuba uzakucheba iinwele zakhe, ngoko makazichebe.)

*Kuba ukuba umfazi akagqubuthelanga, makaselenqothulwa:* (ukunqothulwa kuthetha ukuchetywa, uyabona) . . .*kodwa ukuba kulihlazo ukuba umfazi anqothulwe okanye achetywe, makagqubuthele.*

758 Ngoku siyakanye ngqo ezantsi kumbuzo apha owubuzileyo. Yabona? Kulungile, ngoku akulunganga ukuba i—inenekazi lichebe iinwele zalo, ngokweBhayibhile. Ngoku phulaphulani kanye apha kwaye nibone uKuba iBhayibhile ayiyiniki ilungelo elisemthethweni na indoda yokwala unkosikazi wayo ukuba uchebe iinwele, bonani ukuba oku kulungile okanye akulunganga.

Ukuba *indoda* . . .*Kuba indoda ngokwenene ayifanele igqubuthele intloko yayo* (oko kukuthi, ibe neenwele ezinde), ekubeni *ingumfanekiso nozuko lukaThixo: kodwa umfazi useluzukweni lwendoda.* (Ingaba nakhe nakucinga oko?)

759 Ngoku ndifuna ukuma apha, kuba ndifuna oku kuzike ngenene kakuhle, yabona. Kwaye ngoku khumbulani, ndiwabonile amashumi amawaka abafazi abathandekayo (ndiyabazi kanye ngoku, kwaye uninzi lwabo bahleli apha kweli bandla) abaneenwele ezimfuntshane, abangamaKristu. Kwaye endikubekela kuko asinini, yindlela ebenifundiswe ngayo. Yabona? Yilonto. Umshumayeli wenu akazange anixelele oku. Kodwa ukuba nawuphi umfazi apha emnqubeni ngolwa hlobo, ngoko unetyala. Yabona, kuba siqinisekile siyabachazela malunga nayo.

760 Ngoku, ngoku qaphela oku:

. . .*indoda* . . .*Kuba* . . .(umqolo we-7) . . .*Kuba indoda* . . .

761 Ngoku, ngubani othethayo apha? Ngoku, ngamanye amaxesha inenekazi lithi, "Owu, uPawulos wayengomdala umthiyi-bafazi."

762 Ke, ngoku ngelixa siphaya kokuya, masityhileni nje ngapha kumaGalati 1:8, size sibone oko uPawulos akutshoyo malunga noku, yabona, kumaGalati 1:8. Niyakufumanisa ukuba uPawulos wathi apha kumaGalati 1:8:

. . .*nokuba sithi, okanye isithunywa sezulu, sishumayela naziphi ezinye iindaba ezilungileyo* kunezi esele nazivayo, *makasingelwe phantsi.*

763 Ngoku sukundibeka ityala, beka ityala Yena, yabona.

*Kuba indoda ngokwenene akufanele igqubuthele intloko yakhe,* ekubeni e*seluzukweni kwaye* umfanekiso

*kaThixo: kodwa umfazi useluzukweni* nomfanekiso *wendoda.*

764 Ngoku qaphelani umqolo olandelayo:

*Kuba indoda ayiphumi mfazini; kodwa ngumfazi ophume endodeni.*

*Kungazange kwadalwa ndoda ngenxa yomfazi; kodwa umfazi* wadalelwa *indoda.*

765 Ngoku, ndithetha oku ngoku ngolona thando nokulunga, kwaye ndiyathemba niyayiqonda ngendlela enye endikutsho ngayo oku. Kodwa iMerika . . . njengomhambi wamazwe ngamazwe, IMerika ineyona isezantsi-phantsi, ehlazekileyo imithetho ngabafazi kuso nasiphi isizwe ehlabathini. IParis, iFrance ingaba sisakhiwo esibheke esibhakabhakeni ukuphakama ecaleni kwendlela iMerika evumela abafazi bayo benze. Lihlazo!

766 Ingaba ukhe waqonda ukuba uthixo weMerika ngumfazi? Ndingakubonakalisa oko kuwe ngaleBhayibhile. Injalo lonto. Ingaba uyaqonda ifanele ize ngala ndlela ukuze ibandla iKatolika libe nokungenisa imfundiso yalo yentombi nto uMariya?

767 Ngoku, ukuba umfazi wayengenzelwanga abe ngowe ndoda, hayi . . . Ukuba indoda yayingenzelwanga ibe yeyomfazi, kodwa umfazi enzelwe abe ngowe ndoda, ngoko uzakumnqula njani umfazi? Yabona? Ngoku, yintoni eyenzileyo, yaqala eParis yaza yafika eHollywood. Ngoku iParis ifanele ize eHollywood ukufumana iimodels zayo nokufumana iifashoni zayo nezinto, Kukuhlaziseka kwabafazi bethu abangamaMerika.

768 Yintoni? Isizwe sethu siye saba sincinci kakhulu bade basusa imisebenzi endodeni, baze babeka abafazi phandle apha kwezi ndawo, de amashumi asithoba eepesenti abo, phantse, ngamahenyukazi. Kwaye ukuthetha ngamadoda athe aphela, ngokuqinisekileyo, kungokuba babeke abafazi phandle phaya kwimisebenzi yawo. Kwaye behle kakhulu de babeka abafazi njengamagosa okugcina uxolo estratweni. Elo lihlazo nakwesiphi isizwe! Ewe, mhlekazi. Yintoni ozakuyenza malunga nayo?

769 "Yintoni oyenzayo malunga nayo, Mzalwana uBranham?" Ndifanele ndiyihloniphe, ndingummi waseMerika, ndenza oko umphathi omkhulu athi kwenze. Ukuba ndikhe . . . Ukuba i—ukuba usapho lukhe lwalahlekelwa yintlonipho ngosapho (abantwana baphulukana nentlonipho kumzali), elo sapho lukrazuke laba ziziqwenga. Ukuba i—ukuba ibandla likhe laphulukana nentlonipho yomalusi walo, ngokuba, ela bandla liphelile. kwaye ukuba isizwe sikhe saphulukana nentlonipho yaso kwiNkundla ePhakamileyo kunye nezigqibo zayo, esa sizwe siphelile ziziqwenga. Oko kunjalo ngqo. Sifanele sihloniphe

ezo zinto ngokuba zingumphathi omkhulu, yabona. Kodwa ayilunganga ekuqalekeni. Ngokuqinisekileyo!

770 Ingaba benisazi ukuba indoda eBhayibhileni . . . yeGenesis, isahluko so-1, xana uThixo wadala umfazi ne—nendoda, waza wenza indoda nomfazi, waze uThixo waxelela u-Eva ukuba "Umyeni wakho wokulawula, abe ngumlawuli wakho"? Thetha oko eMerika uze ubone apho uyakufika khona! Nkwenkwe, asikuko okuya, umfazi ulawula phezu kwendoda; bafanele bakwenze okuya, indawo zikawonke wonke zenziwe . . .

771 Ndingazisa abafazi, ukuba bekufuneka ndiyenze, ukusuka egumbini lam phaya, ngenqwaba, yabafazi abahloniphekileyo . . . Andithi bonke abafazi akufanelekanga ngamanye amaxesha basebenze; mhlawumbi banomyeni ogulayo okanye into ethile, kwaye kufuneka basebenze. Kodwa ukuba akudingeki njalo, akufanele basebenze. Indawo yabo isekhaya, inqaba yabo encinci, oko ngokuqinisekileyo kulapho bafanele babekhona.

772 Kwaye abafazi bethu abangamaMerika babenenyhwaba yokuba baye kuzizamela. Nkqu nakuzo zonke izilwanyana nanjalo njalo, xana la nto isanda, iyenzeka kwaye ihlazisa uhlanga lonke layo.

773 Kukho intaka encinci e-Afrika, kwaye iyintaka encinci exholayo.

774 Ngoku, kusoloko, ithokazi lisoloko lisiba lelona libi kwezo zimbini. Inkunzi isoloko iyeyona intle, inkunzi yexhama, inkunzi ye elk, inkunzi yentaka inkwali, i—inkunzi yenkukhu, kwaye yasoloko iyeyona . . . Ngokuba, ithokazi yintaka yasekhaya. Ihlala endlwini yayo, ikhulisa abantwana bayo. Ifihlakele kukhetshe, inyoka, impungutye, nantoni engenye, yabona, ukuba ikhulise abantwana bayo.

775 Kodwa kuhlanga apho uku . . . okanye kwisini la—la—lamfazi, okanye ibhinqa, liphumelelayo kubuhle, kusoloko isiba luhlobo elilihlazo. E-Afrika, uthabatha intaka . . . Kukho intaka encinci phaya, kwaye ekuphela kwayo kumazwe endiwaziyo, apho ithokazi lilelona lihle kunenkunzi. Kwaye xana iyenza . . . Leya—la ntaka lihenyukazi okoko. Iyakujikeleza ize ifumane iqabane, ize imke ibeke imfumba yamaqanda emveni kokuba ihlangane neqabane, ize iyeke iqabane lihlale phezu kwamaqanda ngelixa yona isiya kuzingela elinye iqabane. Injalo ngqo lonto. Yabona? Jonga oko ndithetha kona?

776 Kwi, ngoku jonga, eMerika namhlanje, yabafazi bethu. Umfana osuka eKentucky wandixelela, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, ukuba kwakukho amakhulu asibhozo abafazi abesebenza kwindawo ethile apha eKentucky. Waza wathi, "Ndinganakho ukuva ngokukhuselekileyo ekufungeni ukuba amakhulu amane abo ngamahenyukazi asestratweni, kwaye abafazi abatshatileyo benabantwana." Omnye umfo wathabatha

umkakhe phandle phaya wambetha ngebhodi, waze emva koko waphantsa ukumbulala. Waze omnye waya kuyidubula indoda. Yaze enye yasika kwaye isilwa. Oko akufanelekanga kube njalo. Oko akulunganga.

777 Beka umfazi emva ekhitshini apho angowakhona, ngoko yonke into iyakulunga. Kodwa umbeke phandle phaya kumsebenzi wangaphandle, umkile. Ngokuqin-. . . Anditsho ukuthi . . .

778 Abafazi abangamaMerika baphakamisa impumlo yabo baze bathi, "Akukho nto koKuya." Kwaye, "Ndibonise." Ngokuqinisekileyo, ufanele uyenze, ngokuba iBhayibhile iqikelele niyakuyenza. Nifanele niyenze.

779 Kwaye apha xana . . . Kwakuqhele ukubanjalo, kwixesha elagqithayo kudala, kwibandla laseWisile, ukuba umfazi uchebe iinwele zakhe, wayekhutshwa ebandleni. Ngokuqnisekileyo, babeyenza. Ewe, ngenene. AmaNazarene, amaPilgrim Holiness, amaPentekoste, bonke babo babeqhele ukuyenza. Kwenzeke ntoni?

780 Niyayazi kutheni? Nineesisi emva kwepulpiti. Oko kunjalo ngqo. Omnye umntu uyoyika itikiti labo lokutya . . . yoyika uzakubasika, abakhuphe ebandleni. Babengenaso esona sibindi sokuma, ukuma eLizwini likaThixo nokuba Livisa kabuhlungu okanye nokuba Alikhange. Injalo kanye ngqo.

781 Phulaphulani apha, indoda ngumlawuli. Ungacingi uyakulawula indlu. Akungomlawuli wendlu. Ngokuqinisekileyo u . . . Akulokhoboka ngoku, kodwa ungumncedi. Kwaye u-Adam . . . Indoda inolawulo phezu kwenkosikazi yayo, kwaye inoxanduva oluphelelyo ngonkosikazi yayo. UThixo wenza indoda iphendule ngonkosikazi wayo. Ngoku, funda uze ubone ukuba uThixo uyakutsho na okuya ngoku.

> *Kuba indoda okunene ayifanele iyigqubuthele intloko yayo,* ekubeni *ingumfanekiselo nozuko lukaThixo:* . . .

782 UThixo akangomfazi, uThixo yiNdoda. Niyayazi xana besenza intombi nto uMariya kunye nako konke, nomngxengxe-. . . izingxengxezo nayo yonke into enjeya, baze bathandaze kuMariya intombi nto, niyayazi indikhumbuza ntoni? Isithixokazi esikhulu uDiana, lowo uPawulos wasikhalimelayo waza wasikhupha. Injalo lonto. Wathi, "Kutheni, uThixo akangomfazi!"

783 Ilitye lawa edlelweni, baza bathi isithoxokazi siwise phantsi umfanekiso wabo, eso sisizathu abafazi eKorinte, naphezulu phaya, i . . . abanqula uDiana, babefuna ukuba ngabashumayeli.

784 Bathi, "Kutheni, umoya usixelele singashumayela."

785 Wathi, "Intoni? Leza iLizwi likaThixo kuni, laza leza liphuma kuni kuphela? Ukuba umntu uzicingela ukuba ungowomoya okanye umprofeti, makakwazi kakuhle

endikutshoyo ukuba yimithetho yeNkosi: makathi cwaka umfazi kwaye abe phantsi kolawulo lwebandla, hayi ukuba ashumayele okanye abe nalo naliphi igunya." Oko kunjalo ngqo! Oko koko iSibhalo sikutshiloyo. Yabona? Kwaye uThixo uzakwenza igquba labashumayeli liphendule ngokuya kulaMhla woMgwebo.

786 Kulungile, phulaphulani! Nithi, "Kuhle, ndiyakuxelela, ndandifundiswe okuya." Nazi ngcono ngoku! Injalo lonto. Ukuba wena okanye umntu othile uqalisa ukuthabatha umlinganiselo weyeza, aze umntu othile akuxelele yityhefu, uze u—uze uqhubekeke ulithabathe nakanjani, elo lityala lakho emva koko. Yabona?

787 Ngoku phulaphula koku:

> *Kuba indoda ayiyoyomfazi; kodwa umfazi ngowendoda.*
>
> *Ngenxa yesisizathu ufanele umfazi abe negunya kwintloko yakhe ngenxa yeengelosi.*

788 Nabani kuni oyifundayo? AmaKorinte Okuqala, isahluko se-11, kunye nomqolo we-10. Ukuba uyaqaphela, "igunya," (Kutheni?) "leengelosi," amaKorinte Okuqala, ngenxa yokuba iingelosi yindoda, umthunywa. Khangela, ngomncinci "n" kwakhona. Apho kubhekiselelwe kwiiNgelosi, iiNgelosi zeZulu, ngomkhulu "N," omkhulu "N." Apho ingomncinci "n," ziingelosi ezingamadoda.

> *Nangona kunjalo indoda* ayikho . . . *okanye umfazi,* . . . *umfazi akakho ngaphandle kwendoda—indoda, eNkosini.*
>
> *Kuba njengokuba umfazi ephume endodeni, kwa ngokunjalo nayo indoda ingaye umfazi;* . . . *zonke izinto ziphuma kuThixo.*
>
> *Yahlulani* . . . ngokwenu*: kumfanele* na *umfazi ukuthandazo* ku*Thixo* (eneenwele ezimfutshane) *engagqubuthelanga?* (yicingeni ngoku)

789 Ngoku qwalaselani:

> Ingaba *indalo ayinifundisi na, ukuba, ukuba indoda ineenwele ezinde,* . . .

790 Yithi, "Ingaba ibhekeselele phi?" Iinwele. Aniboni na into uPawulos athetha ngayo? Iinwele, iinwele ezinde! Ukuba . . . Umfazi ufanele ukuba neenwele ezinde. Umqolo we-14 ngoku:

> *Ingaba kwa nendalo ngokwayo ayinifundisi na, ukuba, ukuba indoda ineenwele ezinde, oko kulihlazo kuyo?*

791 Niyayifumana? Kulihlazo kwindoda ukuba neenwele ezinde, kodwa umf- . . . leyo yindawo yomfazi. UThixo wenza indoda yahluka kumfazi, isini kunye nenkangeleko, nakuyo yonke into engenye. Yena akafanele anxibe impahla . . . IBhayibhile yatsho ukuba "Ukuba umfazi uyakunxiba iibhulukhwe izlakhs

okanye nayiphi impahla eyenzelwe indoda, ngumbono olisikizi nongcolileyo nonyhukunyhuku phambi koThixo." Kwaye uThixo uyakumenza ahlawule ngoko. Ngubani enizakuphulaphula kuye? Kodwa lena yiBhayibhile!

792 Kwaye uyajikeleza uze uthi, "Kutheni, ndicinga intle ukuba . . . ukubona abafazi benxibe ibhulukhwe izlakhs." Kodwa uThixo wabenza bahluka, Ufuna banxibe hlukileyo.

793 Kwaye iBhayibhile ithe, "Ukuba umfazi angaze anxibe oko kwenzelwe indoda, kulisikizi." Niyayazi yintoni *isikizi*? Yi "into ethile enyhukunyhuku emehlweni kaThixo." Kwaye uYehova oMkhulu Ojonga ezantsi phezu kwakho njengento enyhukunyhuku . . . Kwaye iBhayibhile ithe . . .

794 Kwaye wena othi . . . Abanye benu manenekazi ngoku, kumantombi enu aselula asekufikiseni, ishumi elinesibhozo, amashumi amabini eminyaka ubudala, nibavumela baphumela apha benxibe njengohlobo alulo!

795 Kwaye nani, kananjalo, mama! Yabona? Xana niphuma ninxibe ezo bhulukhwe nezinto nize nihlale . . . nize niye estratweni, kwaye—kwaye nibe nezo mpahla zindala abazenzayo kulemihla, kwaye zinenze nikhangeleke ngathi yinto ethile eningeyiyo. Yabona? Kwaye niphumela phaya estratweni nonke nikhangeleka ngokwesondo, ungaba ngomsulwa nje nonyulu phambi komyeni wakho nento yonke, kodwa ukuba uphumela estratweni ize indoda ijonge kuwe ngokuba uziveze ngolwahlobo, unetyala, kwaye uyakuphendula kwiMini yoMgwebo ngokwenza ukrexezo nayo yonke indoda ethe yajonga kuwe ngolwahlobo. Yilonto iBhayibhile eyitshiloyo.

796 IBhayibhile ithe, "Nabani othe wajonga kumfazi ukuba amkhanuke, uselekrexezile kunye naye entliziyweni yakhe," kwaye unetyala kwaye uya . . .

797 Uza eMgwebeni uze uthi, "Nkosi, Uyayazi intliziyo yam; Andizange ndenza ukrexezo, ndaphila nyanisekileyo kumyeni wam."

798 Kodwa apha kuyakubakho indoda, apha kuyakubakho omnye, nanku omnye, omnye, omnye, ishumi elinesihlanu, amashumi amabini, amashumi amathathu, amashumi amane abo bemile phaya besithi, "Unetyala lokukrexeza!" Ngokuba? Ethile indoda yakujonga.

799 "Ke, andinanto yakwenza nayo." Kulungile, kutheni ubuya kuziveza ngolwahlobo? Xana uThixo wakuxelela ukuba ungazinxibi, yayilisikizi ukuyenza, kwaye uye wayokuphulaphula ku *Ngubani Othanda USusie?* Okanye yintoni la . . .

800 Ingaba ufumanisile yintoni eyenzekileyo kunye ngubani *Ngubani othanda* Umyeni *kaSusie?* Nonke niyibonile apha kungekudala ephepheni. Xana sasiphandle eCasper,

eWyoming, yaphuma. Kwaye ngubani igama lakhe? Lamfo o. . . kula *Siyamthanda USusie*, okanye yintoni e—yintoni ehlabathini ibikokuya? I. . . Owu, into eniyihlalelayo ukuyibona ekhaya ngoLwesithathu ebusuku nize niphose umhlangano womthandazo. Yintoni leyo ngoku? *Siyamthanda U*. . . Yintoni igama lokuya? [Udade uthi, "*Ndiyamthanda ULucy*."—Mhl.] *Ndiyamthanda ULucy*, umyeni wakhe ufanele u. . . ukujikeleza, uye wafunyanwa ngaphaya eReno Nevada, kunye nentombi entsundu, ebehlala nayo iminyaka. Kwaye yilonto enihlalela yona ekhaya ukuyibona endaweni yokuya, ukuva iVangeli. Umfazi wayivuma. Owu, inceba! Akukho nto icocekileyo ngaphandle koYesu Kristu!

801 Mayisikelelwe intliziyo yakho, mzalwana, ndi—ndiyakuxelela wena—wena mfo, abanye ba. . . Uthi, "Owu, bethu, jonga kudidi." Amanye a—awona mabi kakhulu amaxhalanga esinawo, abatyi benyama ebolileyo, zintaka ezintle. Akunakwahlula intaka ngeempiko zayo, yabona. Ke kukhumbuleni nje oko. Owu, bethu!

802 Ngoku qwalaselani:

> Ingaba *nendalo*. . . (lowa ngula mqolo we-14). . . *ayinifundisi na,* oko, kulihlazo ukuba indoda ibe neenwele ezinde? (Oko kokomfazi.)
>
> *Kodwa ukuba umfazi uthi* abe *neenwele ezinde, oko kuluzuko kuye:*. . .

803 Ngoku yintoni athetha ngayo? Umnqwazi enithi nina bantu beKatolika niwunxibe ebandleni? Hayi ngokwenene! Isigqubuthelo esincinci phezu kwentloko yenu, ngetshefu? Uthetha malunga neenwele zakho!

804 Ngoku! Kwaye ukuba umfazi ucheba iinwele zakhe, ucheba uzuko lakhe, kwaye akavumelekanga esiguqweni ukuya kuthandaza. Yabona, nje oko ikutshoyo apha, "Yinto ephantsi yokuba umfazi aye kuthandaza ngentloko engagqubuthelanga?" Itsho apha, ithi, "Ke, kufanele achetywe iinwele." Ke makasele echetywa inqayi ngoko. "Kwaye ukuba uzakuchetywa inqayi," wathi, "oko kulihlazo, lihlazo ukuba umfazi enze oko." Waze wathi, "Ufanele agqubuthele." Ngoku, mna nje—mna nje ndifunda incwadi kaPawulos. Nonke, ixhomekeke kuwe, yabona.

> *Kodwa ukuba umfazi uneenwele ezinde, oko kuluzuko kuye: kuba iinwele ezinde wazinikwa endaweni yesigqubuthelo.*

805 Ingaba ithe uyakunikwa umnqwazi? Nina bantu bamaKatolika okanye maProtestanti, nokuba ngababaphi, abaya ecaweni baze bafune ukunxiba umnqwazi, nithi, "Kulungile, ndiya ecaweni, ndifanele ukuthwala umnqwazi." Hayi, ufanele ukuyeka iinwele zakho zikhule. Lowo ngumahluko. Yabona?

> . . .*kuba iinwele zakhe uzinikiwe endaweni yesigqubuthelo*. (Kwaye lihlazo ukuba yena eze ebandleni ngaphandle kwesigqubuthelo, ukuya esiguqweni ukuya kuthandaza.)

> *Kodwa ukuba umntu uthanda uku—uku*. . . (Andikholwa ndingalibiza elagama, u-k-u-p-h-i-. . .). . . *Ukuphika—ukuphika* (niyayazi yintoni ukuphika), *asinasiko linjalo, nalo i*Bandla *likaThixo*.

806 Ngoku ukuba nifuna ukuxambula malunga nayo, xambulani naYo. Kulungile, ukuba ukuphikisa malunga nayo, "Owu, ayenzi namnye umahluko. Masibayeke baqhubeke. Kutheni, ndicinga asiyonto. Ndi . . . Asikoko iinwele zikuko, kakade, koko intliziyo ekuko." Yinyaniso leyo; ukuba intliziyo ilungile, iinwele ziyakulunga (Uh-huh).

807 Qhubekani, ukuba nifuna ukuphikisa, uPawulos wathi, "Asinasiko linjalo, nalo iBandla likaThixo." Wathi, "Ukuba ufuna ukuba kwicala likaKayin, ke, qhubeka nje." Kodwa Oku koko uPawulos wayekutsho.

808 Owu, kwaye andibhekiselelanga ekuhlekeni, kuba asiyonto yokuhlekwa. Kodwa ndiyanixelela zihlobo, ilihlazo ukubona indlela ezi zinto ezithe zavunyelwa ukwenzeka. Ndi . . .

809 Phulaphula! Kuni, bodade bam abathandekayo, ndifuna ukuba nikhangeleke ngokungcono kwenu kwaye nibe kubu ngcono benu, oko koko nifanele nibe kuko. Oko koko ufanele ube kuko. Kwaye ufanele ube ngolungileyo nodlamkileyo nayo yonke into njengoko unakho xana umyeni wakho esiza, nje into ekwanye njengokuba isisthandwa sakho. Kwaye ufanele ukumhlangabeza emnyango kunye nje—kunye nje ngokumanga okumnandi kuye njengoko kwakunjalo ngosuku wamanga esibingelelweni ukuba abe ngumnyeni wakho. Injalo lonto. Andikubeki tyala ngokukhangeleka kobona bungcono bakho nokuba kobona bungcono bakho. Kwaye ndifuna ukuba ube ngala ndlela, uThixo uyayazi ndinjalo.

810 Apha ngelinye ixesha eligqithileyo, ndandithetha noJack Shuler. Nabani ovileyo ngoJack Shuler? Oyena udumileyo umshumayeli iWisile enaye. Wathi, "Umfazi weza wathi . . . iinwele zonke zimdaka, kwaye ehlafuna intshungama, kwaye iimpahla zakhe zisisiqingatha kuye, wathi, 'Uyazi, umyeni wam akasamelani nam.'"

811 Wathi, "Andimbeki tyala."

812 Injalo lonto. Ngoku, kodwa into ofanele uyenze, ufanele ube kwindlela elungileyo. Musa ukubuthabatha ubutsha nobuhle bakho kwiHollywood, buthabathe kwiBhayibhile, phambi koThixo. Yiba linenekazi, yenza njengenenekazi, nxiba njengenenekazi, coceka. Yenza njengenenekazi, sukunxiba ezo . . .

813 Nayiphi indoda evumela unkosikazi wayo aphume aze anxibe ezo zinto zincinci phambi kwamadoda, kunye nezo zinto zincinci . . . aphumele engceni aze achebe iyadi, nezinto njengeziya, mnumzana, Ndiyakuxelela, mzalwana! Andi—andibhekiselelanga ekubeni ngokhohlakeleyo, ndi . . . UThixo uyayazi ukuba leyo yintliziyo yam. Kodwa kuyafuneka ndi . . . Kuzakufuneka ndiguqule into eninzi phambi kokuba ndivumele eyam iyenze. Ndizakuba ngophetheyo phezulu endulini phezulu phaya kangangoko ndinako, niyabona; kwaye xana ndingenakho, ndizakusuka phaya. Injalo lonto.

814 Owu, mzalwana, elo lihlazo kwaye ihlazo ukuba umfazo enze oko. Kwaye a—andithethi, dade . . . A—andikujongeli phantsi, ndizama nje ukuthi . . . IBandla lethu apha alinamalungu, abantu bayeza nje apha. Kodwa lena yindlu kaThixo, kwaye ngokuqinisekileyo siyabaxelela abantu bangazinxibi ezo zinto. Okokuba iyi . . . nizakuphendula ngayo ngeMini yoMgwebo. Ngoku qwalasela apha. Kwaye uyeke iinwele zakho zikhule, yabona, ube linenekazi.

815 Ngoku:

> *Ngoku koku uku . . . Ndinithethela le ndawo andinincomi,* ukuba *ukuhlangana kwenu ndaweninye* ukwenzela . . . *akusingisi kokulungileyo, kodwa kusingisa kokona kubi.*
>
> *Kuba kuqala ke, xana* ni*hlangana ndaweninye ebandleni, ndiyeva ukuba kubakho izahlukahlukaniso phakathi kwenu;* nanjalo njalo, . . . (iyaqhubeka ngoku iye kwisithebe somthendeleko)

816 Ngoku phulaphulani kOkuya. Yilonto ezithe iingelosi . . .

817 Ngoku, Mzalwana uPalmer, andikuxeleli kule teyiphu ushumayela into ekwanye ezantsi phaya endiyenzayo apha. Kodwa wazi kakuhle nangcono, kwaye ekubeni ungumshumayeli, uyayazi ukuba okuya yiNyaniso, mzalwana. Kulungile.

818 Ke *iingelosi* apha zinga "madoda." Ukuba uyayiqaphela, Mzalwana uPalmer, ikunobumba omncinci, ii "ngelosi." Kwaye iBhayibhile iyaqhubeka . . . Ithetha malunga nendoda nomkayo, yabona, oko koko umxholo unguwo.

819 Leyo yindlela abantu ababhideka ngayo eBhayibhileni, bathi, "Kulungile, uThixo utsho into enye *apha*, nenye . . . " Hayi, wena—wena uphume ecaleni kumxholo. Hlala kumxholo omnye, yilonto. Uthetha malunga nendoda nenkosikazi.

820 Ngoku enye into endifuna ukuyibetha nje phambi kokuba sivale, iyakundithabatha malunga nemizuzu emibini:

**74. Bayakubaphi abangcwele emveni kolawulo lwewaka leminyaka? Kwaye loluphi uhlobo lomzimba abayakuba nawo?**

821 Ndicinga ngowona mbuzo umnandi, ndiyakuthanda nje okuya. Ngoku masijongeni kanye kuwo ngqo.

822 Ekuqalekeni, uThixo . . . Siyakubuyela emva kwimfundiso yethu yamaHebhere nje okwemizuzu embalwa. UThixo wayenguloMthombo mkhulu kakhulu wemibala esixhenxe. Bangaphi abakwaziyo oko? Yabona? Kwaye bangaphi abayaziyo ukuba uThixo unooMoya abasixhenxe? Ngokuqinisekileyo, ooMoya abasixhenxe. Kwaye kwakukho amehlo asixhenxe kwiMvana, nanjalo njalo, konke okuya kuyahlangana ngoku. Yabona? Ngoku, lowo yayinguThixo.

823 Ngoku xana Yena (uLogos) waphumayo kuThixo, owayenguThixo esiza ukusuka kulomthombo mkhulu kakhulu esiya kuba ngumzimba kwimo yo—yomntu; kwaye yenza uLogos, esimbiza umzimba welizwi.

824 Ngoku, ukuba uthabatha umzimba welizwi xana ujonga kokuya, okuya ngumntu. Ngoku kuba si . . . Ngoku, phaya kulapho sasikhona ekuqalekeni. Ngoku, aniyiqondi ngoku, kodwa wawusemva phaya ekuqalekeni ngala ndlela. Xana umntu wenziwa . . . Xana uThixo wenza umntu ngokomfanekiselo Wakhe, Wamenza wangumzimba welizwi. Kwaye wambeka kuphela enyameni . . . Xana uThixo wenza umntu ngokomfanekiselo Wakhe, ngokwemfuzo Yakhe, babe . . . KwiGenesis isi-2, kwakukho . . . okanye iGenesis isi-1:28, ndiyakholwa iyiyo, “Kwakungekho mntu wokuwusebenza umhlaba,” waze uThixo wagqiba ukwenza indoda nenkazana. Injalo lonto, “Kungekho mntu wokuwusebenza umhlaba.”

825 Ngoko uThixo wamthoba umntu kancikane waze wambeka kubomi besilwanyana, oko kungulumzimba, njengokufana nezilwanyana ukuze abe nokusebenza umhlaba, abe nakho ukuchukumisa. Lamzimba welizwi awuchukumisi, awuboni, awungcamli, awujojisi, awuva; ezi zimvo esinazo. Ke uThixo wabeka umntu ezantsi phaya ukuze a—achukumise kwaye avakalelwe.

826 Kwaye—kwaye njengoko wahamba phakathi komyezo we Edeni, kuqala njengomzimba welizwi (njengoMoya oyiNgcwele ulapha ngoku uhamba apha), wakhokela ubomi bezilwanyana. Walawula yonke into, kodwa wawungenakho ukusebenza umhlaba, yabona. Ke uThixo wambeka enyameni ukuze abe nokuwusebenza umhlaba. Wamnika izimvo zakhe ezintlanu, ukuba awusebenze umhlaba kwaye alungise i—izidiliya na—nanjalo njalo, waze emva koko umntu wakhangeleka eyedwa. Owu, lona ngumfanekiso omhle.

827 Jonga, kuba xana wenziwayo kuqala, wenziwa wangabantu ababini abadibeneyo. Wenziwa indoda nenkazana, indoda yayinjalo. IBhayibhile yathi yayinjalo. UThixo wenza bobabini indoda nenkazana, “Wayidala yona.” Qaphela ngoku, xana indoda yahlulwayo kumzimba welizwi yaza yabekwa enyameni,

yayi—yayingadibananga yonke phaya; inxenye yobuqu bayo yayisengumzimba welizwi, ke ayizange ikhangeleka lungileyo.

828 Kwakuhamba phaya inkunzi nethokazi enkomeni, kwakuhamba ihashe, kwaza kwahamba inkomo, kwaza kwahamba yonke into engenye, ngazibini. Kodwa u-Adam, yena . . . yayi . . . Yabona, kwakukho into ethile esilelayo. Okwakunqwenela kwabonisa ukuba kwakukho iqabane elilinde yena. Niyayifumana? Kwa ezo ngcinga esinazo zokufela apha, sibandezelekile kwaye siyathingaza, kwaye silangazelela uBomi obungenako ukufa, ibonisa bulindele thina. Yabona?

829 Kwaye u-Adam wayelilolo. Waze uThixo, ukubonisa ukuba babengenakwahlukaniswa . . . Ngoku ndizakubuyela emva kule nto inye, nje umzuzu.

830 Khangela, Akazange wemka waza wafumana uthuli wenza u-Eva, kodwa Wamenza ngokusuka kuthuli loqobo, u-Adam. Wathabatha ubambo ecaleni lakhe waza wamenzela umncedi, kwaye lowo yayingu Eva. Wenziwa ukuba abe ngowendoda, kunye nenxalenye yendoda. Wayeyinxalenye yayo ekuqalekeni, endalweni, kumzimba welizwi. Wayeyinxalenye yayo ezantsi apha kule ndalo. Wayengenakwahlukaniselwa kwenye indalo, kwafuneka enziwe kwindalo ekwanye.

831 Yilonto ngqo uKristu noThixo kwafuneka babe nguMntu omnye twatse, yayingenakuba yenye into eyahlukileyo. Ukuba Ube engumntu olungileyo okanye umprofeti, Ebengenakuba nguMhlanguli; kwafuneka Abe nguMdali Ngokwakhe. Kodwa Usengumzimba welizwi ngoku, niyabona, nendlela Awayeyi ngoko.

832 Ngoku indoda yehlela apha kwaye ya—yayimangalisa; kwaye uThixo wakuthanda okuya, Wathi, "Oko kuhle, mababe semhlabeni kwaye baphile phaya naphakade. Yilonto; ngo—ngoNaphakade, ukuqhubeka nokuqhubekeka nokuqhubekeka. Mayikhule nje, kwaye sonke isityalo masivelise, nayo yonke into ngolwahlobo. Kwaye makaphile umntu, nezilo maziphile, nayo yonke into engenye, kude kuse emaphakadeni. Konke oko kulungile." Yabona?

833 Saze ngoko isono sangena. Kwaye ndifuna ukwenza le ntetho. Kwi . . . Abantu abaninzi kakhulu benza enjalo ukubambi impazamo kwesi Sibhalo sinye, kwaye oko kukwiNdumiso yama-23. Bayifunda Yona ngoluhlobo, "Ewe, nokuba ndihamba emfuleni *omnyama* wethunzi lokufa." Ngoku, akukho nto injalo. IBhayibhile ayitsho, ukuthi, "Ubumnyama bethunzi lomfula . . . umfula omnyama wethunzi lokufa."

834 Ithi, "Nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa." Ngoku, ngaphambi kokuba ibe lithunzi, ifanele ibe kukukhanya ukwenza ithunzi. Yabona, uDavide ekubeni engumprofeti kwaye ephantsi kwentambiso, akazange enze mpazamo, watsho nje

iNyaniso: "Ewe, nokuba ndi..." hayi, ukuhamba ngomfula *omnyama*, kodwa, "ngomfula we*thunzi* lokufa."

835 Ngoko ufanele ube nepesenti ethile yokukhanya ukwenza isithunzi. Kwaye oko yindlela ekuyiyo apha. Ngokubini sisendalweni nasekungaphezulwini kwendalo. Lo mzimba uphantsi kokufa, kwaye kwaziswa ngumfazi; hayi nganto kuphela nge...Hayi nguThixo, uyimveliso esuka ku Adam no Eva. Ungaba mnyama, mhlophe okanye nantoni oyiyo, uyimveliso, imveliso esuka ku Adam no Eva. Oko kwenza umzimba wakho "ozelelwe esononweni, wabunjelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini uthetha ubuxoki." Ugwetyiwe kwaye wohlwayiwe ekuqalekeni kobomi bakho, hayi kwa, ungenalo nethuba.

836 Ngoku, ngokuba umoya othe wanawo uza kuwe ngemvelo, kwaye ngemvelo usuka kwisondo, umnqweno wamadoda nabafazi uvelisa umntwana womhlaba. Uze uyeke la mntwana yedwa, uze ungamfundisi nanto ilungileyo, uyakukhula ngokungalunganga. Sukumfundisa nayiphi elungileyo nengalunganga, uyakuthabatha okungalunganga. Ngokuba yimvelo yakhe ukwenza njalo.

837 Qwalasela usana oluncinci, lungekho ngasentla ngaphaya *kunokuya*, nje libaneengcwangu; nje liya...liya—liyakudibanisa izandla zalo, lize lijike libe bomvu ebusweni, libambe ukuphefumla kwalo. Ngokuqinisekileyo. Yintoni? Yimvelo yalo. Liyifumene kutata walo okanye umama walo, omnye; wayenowaneleyo umsindo wokulwa isarha egqumayo, okanye utata walo. Ukuba abakhange bayenze, uyisemkhulu okanye uninakhulu. Yabona, lihlumelo.

838 Ke oko kwenza...Uzelelwe ehlabathini. Uze ngemvelo, kwaye ubuqu bakho bonke bumnyama kwaye budyobhekile, kwaye bugwetyiwe, kwaye buqalekisiwe kwaye buya esihogweni. Injalo lonto!

839 Kodwa xana uzelwe ngokutsha, ngoko uThixo wokuKhanya ukhanya ukwehlela kulamphefumlo (haleluya) ngoko ayisengomfula omnyama, kodwa ngumfula onethunzi kuwo. Ningagqutyuthelwa apha ngenyama, nezinto phezu kobuso bethu, kodwa kukho uKukhanya okwaneleyo phakathi phaya. Kwaye ngenye imini okwa kuKhanya nobumnyama kufanele bahlukane! Kwaye xana ukukhanya kukhanya, ubumnyama buyabaleka. Kwaye xana sisiya kuba noKristu kulamzimba, ubumnyama nokufa kuyanyamalala, kwaye sigqabhukela ekuKhanyeni okugqibeleleyo. Uzuko kuThixo! Nantso ke; akusekho kugula, akusekho bumnyama buxutyaniswe nako.

840 Kanye ngoku sinako kokubini ukugula novuyo, kwaye sinempilo namandla, kwaye sinoku*ngena* noku*phuma*, *namahla ndenyuka*, novuyo nentsizi, njalo njalo. Kuhle, sisithunzi nje. Sinokukhanya okwaneleyo kokwazi ukuba kukho ukuKhanya

phaya; kwaye sisesemzimbeni, enyameni. Kodwa ngenye imini iMini iyakuqhekeka. Oko kuxa ingelosi yokufa ihlala emazantsi ebhedi, oko kuxa ugqirha esithi konke kugqityiwe; kwaye oku kwemvelo kusuka kokungaphezu kwendalo, kwaye ukukhanya kutsibela emva eKukhanyeni, kwaye ubumnyama kusiya emva ebumnyameni. Ngoko oku kunakho ukufa kunxiba okungenakho ukufa. Oko kuxa oku kunokonakala kunxiba oko kungenakonakala. Oko kuxa oku kunakho ukufa kunxiba okungenakho ukufa, kwaye sisuka kwisidalwa sexesha ukuya kwisidalwa sikaNaphakade. Akunakuya phandle phaya ngobumnyama obupheleleyo, ufanele ukuba ube nokukhanya ebumnyameni. Nantso ke. Lowa ngulamzimba owamnkelayo.

841 Yintoni esiyenzayo? Ke, mzalwana wam ongcwele othandekayo, dade wam othandekayo ongcwele, ngaphambi kwesiseko sehlabathi, xana uThixo wadala wena ngokomfanekiselo Wakhe, okanye wadala i—indoda ngokomfanekiselo Wakhe, waza wadala umfazi ngokomfanekiselo wendoda ukwenzela uzuko lwendoda, Wakwenzela umzimba welizwi. Nje ngokufana naYe, xana Wathi "Masenze" kwizidalwa Awazenzayo, "Masenze umntu ngokomfanekiselo Wethu Thina, ngokufana Nathi, umzimba welizwi." UThixo wayengazange abe yinyama ngeloxesha, Wayekumzimba welizwi.

842 Kwaye uMoses waMbona. UMoses wadanduluka, "Nkosi, mandikubone Wena."

843 Wathi, "Hamba uye ngaphaya uze uzimele eliweni, emfanteni yeliwa." Waza uMoses wabuyela emva kula mfanta yeliwa; waza xana uThixo egqitha, umbane neendudumo. . . Kwaye njengoko uThixo egqitha, Wayenomqolo Wakhe ujikiwe ngokufana *noku*.

Waze wathi uMoses, "yayingumqolo weNdoda." Haleluya!

844 YayinguBani? UMelkitsedeki owehlayo, uKumkani waseSalem, engenayise okanye nina, engenasiqalo samihla okanye isiphelo sobomi. Nguye Lowo! Kwaye Wehla. Lowo nguLowo wathetha no Abraham; owaZihlanganisela umzinjana omncinci wenyama ngokufana nokuya, waza "Whew!" waphefumlela kuwo, wangena kuwo, waza wehla waza watya ithole, wasela ubisi olusuka enkomeni, waza watya ibhotolo ethile kunye nesonka sombona. Kunye neeNgelosi ezimbini.

845 Kwaye xana baphumela phandle phaya, kunye nayo yonke lanto nje, "Whew!" yanyamalala yaza yemka.

846 Andizange ndacinga ngokuya. Apha ngelinye ixesha elagqithayo, ndingxala iqokobhe lompu, ndandinompu i .22, uyi .220 Swift. Kwaye nina bazalwana abangabadubuli apha niyayazi. Imbumbulu encinci, iyimbumbulu elikhozo elingamashumi amane anesibhozo, nje malunga *nokuya* ubude, eqhelekileyo imbumbulu i .22. Ingxaliwe phantsi

kumandla egumbi le .30-06. Ngoku ndi. . .Ifektri ingxala kuphela okuya ukuya malunga nekhulu elingamashumi amane anesine eenyawo ngomzuzwana. Kulungile, kodwa ungafaka okwaneleyo. . .uyifake ngokwakho, kwaye ungayifaka ukuya kumawaka amahlanu eenyawo ngomzuzwana. Kwaye—kwaye ngenye indlela, ukuba ubudubula. . .Besidubula, ngenye imini, kumgama wamakhulu amabini, kwaye imbumbulu yayibetha uthuli, ibiyakubhabha phambi kompu wenze isandi. Leyo yindlela ekhawuleza ngayo.

847 Ngoko uthabatha ukhuni lokuvungula (niyayazi, indawo escaba kukhuni lokuvungula) uze uye ezantsi kwirhuluwa yakho uze ufumane lanto izele yirhuluwa, nje malunga nesine okanye isihlanu seenkozo, uze uyibeke kumphezulu waphaya, uze emva koko ufake imbumbulu yakho phaya. Yima apha, kwaye ufumane imbumbulu yakho esandleni ngomzuzwana. Uze uyidubule phaya kwihagu yomhlaba ehleli kwiinyawo ezingamakhulu amabini ukusuka kuwe, kwaye ihagu yomhlaba ayizange ishukume nokushukuma. Imbumbulu ibuyela emva kwimeko yayo yangaphambili, emva kwisimo serhasi. Nantsi imbumbulu eyikopa nelothe zixutyiwe, kwaye ngeqhezwana lomzuzwana, ibuyele emva de ungabinakho ukuyifumana kwakhona. Ibuyele emva ngathi bekulikhulu lezigidi zezigidi zeminyaka eyagqithayo, emva kwirhasi. Ezo rhasi zifanele zenze kwaye zibuyele emva kwikopa nakwilothe, nanjalo njalo, ngokufana nokuya. Ezo rhasi kufanele zizinze.

848 Ngoku, nantso ke. Leyo yindlela esingayo apha, siphuma kwisimo esiphakamileyo. Ekuqalekeni sasikumfanekiselo kaThixo. Isigqubuthelo nobumnyama sisenza singayazi lonto ngoku. Kodwa uYesu wabaxelela abafundi Bakhe Yena "wayenabo phambi kokusekwa kwehlabathi." Yabona? Sasinjalo! Akunakuyazi ngoku, kodwa wawusekuqalekeni. "Kwaye ukuba lomnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye osele ulindile!" Haleluya! Kwaye ngoko singena kulomzimba welizwi, esakhe saphila kuwo, ukuze sibenakho ukutya nokuxhawula izandla. Kwaye imiphefumlo ephantsi kwesibingelelo iyakhala, "Kode kube nini, Nkosi?"

849 Kukho amanyathelo asixhenxe aya kuThixo, ukwenzela iMimoya esixhenxe njengoko—njengoko Isehlela ezantsi. Kulungile, njengoko usiya phantsi kwesibingelelo sikaThixo, yayikhala, "Nkosi, kode kube nini? Singabuyela emva, ngokwehla apha?"

850 Wathi uThixo, "Nje okwethutyana, bade abafo benu bave ubumzima obukwabunye enathi nabuva." Yabona?

851 Kwaze emva koko imiphefumlo yabuyela emva, baza baba ngamadoda nabafazi kwakhona, baphila ngonaphakade xana bonke ubumnyama nokufa nokugula nosizi lobumnyama

lunyamalele; akusekho sithunzi, ngokuqinisekileyo kukukhanya kwelanga!

852 Phulaphulani. Nantsi into. Mayibe mnyama kangoko ifuna; ayinakuba mnyama kakhulu lide ilanga libethe yonke intwanana yobumnyama. Ubumnyama nokukhanya azinakuhlala ixesha elide kunye. Kube i. . . Yeyiphi eyona inamandla? Kukukhanya. Kwaye xana ukukhanya kukhanya, ubumnyama buyabaleka. Amen. Anivuyi na? Anonwabanga na ngokuba nisazi? Akukho ntandabuzo, akukho sithunzi naphina. Kodwa oku Kukhanya kusikelelekileyo okusezintliziyweni zethu kanye ngoku, into ethile iyangqina: uNyana kaThixo, amandla kaThixo.

853 Kwaye sihamba apha, siqwalasele amandla kaMoya oyiNgcwele esehlela ezantsi esiya emhlanganweni, aze athi, "Ube unguNkskz. *Zibani-bani*, uye wenza into *ethile*, endaweni *ethile*. Ube unesibetho soku ixesha elide *kakhulu*, kodwa ITSHO INKOSI, 'Yima ngeenyawo, uphilisiwe.'" Kwaye isidalwa nemfama ziphakama zime ngeenyawo zazo. Kwaye isithunzi sendoda, edliwe ngumhlaza, yaphakamela ebomini nempilo entsha kwakhona.

854 Akukhho ntandabuzo, uYesu wathi, "Ezi zinto ndizenzayo, niyakuzenza nani." Kwaye Wathi, "Andenzi nto de uBawo aNdibonise."

855 Yintoni okuya? Okuya kukuKhanya okuzayo kuxubane kobu bumnyama, niyabona, ukuhlangula thina. Niyakufumana endikutshoyo?

856 Ngoku, umntu othile ubuyela kanye emva phaya, kwaye ngoko xana umzimba welizwi usiba yinyama engenakufa kwakhona ngokufana neyayikuko ekuqalekeni, ngoko uYesu uyeza, kwaye uThixo. . . xana uKristu eyakuba mnye. UKristu uyakuhlala eTroneni, kwaye bonke abantu bayakuba ngabantu. UKristu uyakuba setroneni kaDavide, uMntu, iNkosi uYesu; akasokuze afe. Asisayi kufa, asisayi kugula, asisenantsizi, kwaye siyakuphila iwaka leminyaka.

857 Kuze xana iwaka leminyaka liphelile kulomhlaba, ngoko umtyholi uyenyuka; luze uvuko lwesibini lufike, uvuko lwabangengamalungisa. Bahlanganisa umkhosi omkhulu njengentlabathi yolwandle, baze beze bayirhawule iminquba yabangcwele, kwaye xana ikwenza, uThixo uyakunisa umlilo nesulfure ephuma ezulwini ize ibatshabalalise.

858 Kwaye uYohane wathi, "Ndabona izulu elitsha nomhlaba omtsha, kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba wawugqithile, kwaye kwakungekho lwandle. Kwaye mna, Yohane, ndabona iSixeko esiNgcwele, iYerusalem Entsha, isehla isuka kuThixo eZulwini, ilungisiwe njengomtshakazi ehonjiselwe umyeni wakhe." Nantso ke.

859 Phaya wathi, "Unkosikazi. . . IMvana noMtshakazi bayakuba phaya naphakade." Kuyakubakho umhlaba omtsha,

izigidi nezigidi zesikwere seemayile. Owu, bethu. ISixeko, iBhayibhile ilinganisa iSixeko samawaka alishumi elinesihlanu sesikwere seemayile. Ngamawaka alishumi elinesihlanu eemayile ubude, amawaka alishumi elinesihlanu eemayile ububanzi, kunye namawaka alishumi elinesihlanu eemayile ukuphakama. Leyo yinkcazelo ngqo iBhayibhile eyinikayo ngeSixeko. Akumangalisi akusekho lwandle, kwakungekho ndawo yalo.

860 Owu, kuyakubakho obunjalo ubuhle! Kwaye khona phaya, kukho umthombo kanye eTroneni kaThixo, ompompozela phambi kweTrone. Kukho umthi kwicala ngalinye lomthi . . . lomlambo woBomi. Kwaye kulo mthi kuhlala iintlobo ezilishumi elinesibini zeziqhamo, kwaye uvelisa isiqhamo sawo inyanga nganye.

861 Kukho amashumi amabini anesine amadoda amakhulu. Nankuya uMtshakazi. Nangaya amashumi amane anesine amawaka, amathenwa etempile. Owu mzalwana, siya ndaweni ithile! Izinto zilele ngaphambi kwethu. Isine . . . Amashumi amabini anesine amadoda amakhulu. Ikhulu elinamanci amane anesine lewaka lamathenwa. UMtshakazi uhleli noKristu. Bethu, uyathetha . . . IKhaya lam, iKhaya elihle! Amen.

862 Ukucinga ukuba ndinenyhweba yokuya phaya, kwaye nawe unenyhweba yokuya phaya. Kwaye kutheni uyakukhetha ukuhamba kobu bumnyama uze ungaboni uKukhanya, uze ufe uze uye kwimbudebhude uze ungabi nto? Kuba xana uKukhanya kuthabatha igunya lako eliphakamileyo, akukho ndawo yabumnyama. Yiya ufumanise apho ubumnyama buya khona xana ukukhanya kusiza. Oko kuxana ikuko, xana zonke izinto zibuyiselwa emva kuThixo. Ibe inabo, ubumnyama bebunesiqalo, ubumnyama bunesiphelo. UKukhanya zange kube nasiqalo okanye abunakuze kube nasiphelo. UThixo akazange waba nasiqalo okanye akanakuze abe nasiphelo. Ke, ngenye imini, lonke ihlabathi elonakaleyo kunye naso sonke isono salo nobuhle balo, okubizwa njalo, kunye nako konke okuncomekayo kwalo nemizwa, nabo bonke ubukhazi khazi balo nento yonke iyakunyamalalela ekubeni kokungantweni, kwaye ayisayi kubasabakho. Ayisayi kubasabakho, akusayi kucingwa ngayo! Ithi, kwa, "Ayisayi kuza nasenkumbulweni kwakhona."

863 Kodwa abasikelelweyo beNkosi bayakusoloko benaYo. Siyakuba nomzimba ngokufana noWakhe Yena umzimba ozukileyo; size siphile naYe, sidle naYe, kwaye sihlale naYe, kwaye sihlale naYe naphakade kanaphakade kunye nexesha elakhe lalide kakhulu; kwaye isigaba sikaNaphakade siyakuqengqeleka nehlabathi ngokungenasiphelo.

864 Kwaye unokhetho ngobu busuku. Ukuba awukulungelanga ukuhlangana nala ndawo, akukhathaliseki uya kangakanani ecaweni, ulilungu elilunge kangakanani, ulahlekile ade uKristu

akunike uBomi obutsha kobabumnyama ohamba kuko. Ungaba ngonenkolo. Ukuba nenkolo, phulaphula, sihlobo, ukuba nenkolo bubukrelekrele. Yabona? Bonke abantwana bakaKayin babesoloko benenkolo. Loo maYuda ayenenkolo xana uYesu weza, kodwa balwala usindiso.

865 Ungaba ngoyena unenkolo ngobu busuku. Ungaba ngumRhabe, mWisile, mPentekoste, mNazarene, mPilgrim Holiness. Ungaba ngowenkolo nje; uye ecaweni yakho uze ungqine, ungacula kwaye ukhwaze kwaye udumise iNkosi, Ungazisa izishumi zakho ecaweni, ungaphatha ummelwana wakho kakuhle, oko akunanto nenye yokwenza ngesiphelo sakho saNaphakade. UKayin wenza yonke intwanana yokuya. Ngokuqinisekileyo.

866 IBhayibhile yatsho ukuba "ingqolowa nomdiza ziyahlangana." Endala encinci ingqolowa ihlala, ilambele imvula, kwaye nemithana enameva injalo nayo. Xana imvula isiza, imithana enameva ivuya nje ukufumana imvula njengengqolowa injalo. "Kodwa, kungeziqhamo zabo, niyakubazi."

Ngoku masithandazeni ngelixa nihlola iziqhamo zenu.

867 Ngoku, Bawo Thixo, kube kukho imibuzo ethile eqinileyo apha ngobu busuku. Ndingabe andenzanga nto ilungileyo, kodwa okungcono kolwazi lwam; Uyayazi intliziyo yam. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba uyakuyamkela Yona. Kwaye ngoku, mhlawumbi, kweminye yale mibuzo, ukuba andiyenzanga kakuhle, ngoko Wena thetha ezintliziyweni zabantu, kwaye Benze nje babe lapho bafanele babekhona. Ndiziva okokuba Undixelele. Kodwa ukuba ndingabe andilungisanga, ngoko Wena ndixolele.

868 Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngamnye waba uyakuthabathela entliziyweni ezi zinto, kwaye banga bangacamanga phezu kwazo kwaye bacinge ngokufana noku, "Ewe, naliya ibandla, naziya eziya zinto. Okuya koko iBhayibhile ikutshiloyo."

869 Mhlawumbi amanenekazi, Nkosi, Uyayazi andithethi nanye into ngokubhekiselele mntwini uthile ngokubaxelela. Kodwa, Thixo, ndi—ndiyabathanda oodade bam, kwaye Uyakwazi oko, Bawo. Uyayazi indlela endicinga ngayo ngabo. Kodwa ukuma nokubaxelela into engalunganga, ndiyakuba ngu—ngumkhohlisi kubo. Andinqweneli ukuba ngumkhohlisi koodade bam, ndifuna ukubaxelela iNyaniso. Kwaye, Bawo, ndiYithabathe ngqo eLizwini Lakho.

870 Kwaye ngoku andibagwebi abazalwana bam, kodwa, Nkosi, ndithi baye abalungisa xana beye bavumela ezi zinto. Kwaye ukuba inenekazi lazi ngokwahlukileyo laza layakuyenza, ngoko kuxhomekeke kulo, umalusi akanatyala.

871 U-Abha Bawo, ezo zinto ziliLizwi Lakho, kwaye banjalo kuWe. Ngoku thetha ezintliziyweni zabantu. Ndibanikela kuWe bonke. Ndiyakukubona oko Wena ukwenzileyo, Bawo; Uyazi. Thetha kwintliziyo nganye. Siyicela eGameni likaKristu.

Kwaye ngeentloko zethu ziqutyudiwe:

872 Andazi nokuba abantu abathile bangaphakamisa isandla sabo, bathi, "Mzalwana uBranham, ndikhumbule nje mna ukuze ndibe nokuba ngumeyisi opheleleyo, kwaye kumhla wokugqibela ndinxibe ingubo yomtshato kwaye ndibekunye noKristu." Ungaphakamisa isandla sakho, uthi, "Ndithandazele"?

873 Wonke ubani makagcine iintloko zenu ezantsi ngoku, kwaye nje qubuda. UThixo anisikelele, kuhle oko. Phaya, uThixo anisikelele, bodade bam; nabazalwana bam, nani, niphakamise izandla zenu. Kuhle kakhulu oko.

874 Ngoku, Bawo, Uyazibona izandla zabo. (Ndiyayazi, ngelinye ixesha ucinga, "Kuhle, nje umthandazo omncinci ofana nalowa?") Thixo, ndiyacinga malunga nala mama, uthe izolo, "Nje umthandazo omncinci phaya endlwini yakhe ngala mini xana la nkwenkwe yayisifa, iiveki ezintathu ukuba iphile, oba bulwelwe engqondweni, kwaye ngoku ukuguqula izinto."

875 Ndicinga ngoHezekiya, ejongise ubuso bakhe eludongeni, kwaye elila, "Nkosi, ndiyaKubongoza, yiba nenceba kum. Ndigqale, kuba ndihambe phambi kwakho ngentlizyo egqibeleleyo." Yaguqula ukusuka ekufeni ukuya ebomini.

876 Ukukhala kwaba kanye kusuka kuNyana kaThixo, "Lazaro, phuma!" yaze indoda efileyo yaphuma.

877 Owu Thixo, Uthe, "Thetha, cela, kwaye iyakunikezwa. Xana utsho nantoni na, kholwa ukuba oko ukutshiloyo kuyakwenzeka, uyakubanako oko ukutshiloyo."

878 Ngoku, Bawo, ndiyathandaza ukuba abo baphakamise isandla sabo bayakwamnkela oko baphakamisele kona isandla sabo. Kwaye banga bangasikelelwa. Kwaye Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakubanceda oodade bethu, okokuba bayakuba . . . benze baziphathe, okokuba uSathana ngomabonwakude nolindixesha we*Bali Lenyaniso* nanjalo njalo, ezithe zaphathwa ngokundyengelele, nenkqubo ezingancinwanga, indlela ezimdaka nezikrwada ngazo komabonwakude nanjalo njalo, ntoleyo ibiya . . . Ingaba sisixhobo sokuzuzela kuWe izigidi zemiphefumlo, kodwa indlela ezingancinwanga ngayo, kwaye zikhupha zonke ezi zimdaka izinto abathe ba . . . Owu, olunjani usizi! Kwaye ukwazi ukuba umoya kamtyholi ungenile kwaye ungqonge oodade bethu, kwaye ezama ukubenza banxibe kwaye bafane nokuya.

879 Kwaye sifumanisa ukuba e . . . kubazalwana bethu, kananjalo, Nkosi, ukuba indlela abaqikelela ukuba bangatshaya

kwaye basele, kwaye baqhubekeke ngolwahlobo, kwaye futhi babe ngamaKristu ngokuba bathi ba "yakholwa." Mabazi ukuba "umtyholi uyakholwa, naye." Kwaye akasindiswanga, "uyakholwa kwaye ade agubhe."

880 Kwaye ngoku, Bawo, siyathandaza ukuba uyakuba nenceba kuthi sonke, kwaye usixolele izono zethu, kwaye mhlawumbi abanye abakhange baziphakamise izandla zabo, Owu Thixo, yiba nenceba. Langa ithuba elilandelayo abanalo, banga bangaphakamisa izandla zabo.

881 Silungiselela ukuthabatha umthendeleko, Nkosi. Sixolele izigqitho zethu kunye nezadlulayo zobomi bethu. Kwaye singa singamnkela intsikelelo Yakho, kuba sikucela oko eGameni likaKristu. Amen.

882 INkosi inisikelele. Ndiyaxolisa ukunigcina ngoluhlobo. Andazi nje, nje phambi komthendeleko, ukuba kukho nabani ozele ukuthandazelwa, ongathanda ukuthandazelwa, Ke, siyakukuvuyela ukukwenza oko nje kweli xesha, ukuba kukho nabani omakathandazelwe.

883 Kulungile, mzalwana, mzise kanye phezulu, kulungile oko. Kwaye nje umzuzu, kuze emva koko sizakuya e—sizakuya ekunqumameni. Kuze emva koko sinqumame, emva koko abo abafuna ukuhlalela umthendeleko, bangahlala. Kodwa kanye ngoko sizakwenza umthandazo ngabagulayo. Yintoni iBhayibhile eyitshoyo?

884 Ukuba umzalwana akanakuphakama . . . Konke kulungile, myeke nje ahlale phaya, sizakuza kuye. Kulungile konke okuya, myekeni nje ahlale phaya. Kwaye sizakwehla siye size simthandazele. Oko kulungile. Kulungile, mhlekazi, myeke nje—myeke ahlale kanye phaya. Kunzima kuye ukuma apha, ngokuba, siyakuvuya ukuza kuye.

885 Ngoku ndifuna ukwenza oku ukuthetha okuncinci, sihlobo sam esithandekayo. Yabona ndi—ndiyayazi ukuba iNkosi ikuqondakalisile oku ngokuphindaphindeka amatyeli amaninzi kakhulu. Yabona? Andinguye okangako umshumayeli, andinamfundo nanjalo njalo. Ndiyayithanda iNkosi uYesu, uThixo uyayazi ukuba ndiyaMthanda. Kodwa into enye endabizelwa ukuyenza, thandazela abagulayo. Niyakukholelwa oko? Kwa ngaphambi kokuba ndakhe ndazi malunga nesipho, ndandiqhele ukuya phandle apha esibhedlela; kwaye ndiyakhumbula abo mongikazi besithi, "Ngoku uzakuphila." Yabona? Kwaye nje into ethile, yokuba uThixo ube enenceba kakhulu ukuhlonipha imithandazo yam ngabo abantu.

886 Ndiyacinga ngengqikelelo, ngobu busuku, ukuba iyakubizwa, nje ihlabathi lonke ngokubanzi igqabhukela kuyo yonke indawo ehlabathini. Kwaye ithi, wonke umntu athe uMzalwana uBranham wamthandazela, makeze apha, ndingathanda ninikeze impendulo kurhulumente we United

States, ngembalelwano. Kwaye oko bekuyakuba ngumpomposho wehlabathi ngokubanzi. Ndiyaqikelela, mhlawumbi ezine okanye ezintlanu izigidi zabantu beziya kusabela olwa bizo ukuba belusaziwa. Yabona?

887 Kwaye bona abantu, okanye abanye babo babesele bafayo, belaliswe ngugqirha, kunye—kunye nomgcwabi. Abanye babo babulawa kwiingozi; abanye babo babulwa kukufa ngokwendalo. Abanye bazimfama, iziqhwala, isilima, bajijekile, baxhwalekile, ngokwasengqondweni . . . ezibhendlela, bebengayazi nokuyazi besisesibhedlela ukuya kubathandazela. Bangeniswa, kwafuneka bathatyathwe. Bebeya kutyhudisa kwaye bazinqunqe babe ziziqwenga, bengayazi nokuyazi uphi apho akhoyo. Kwimizuzu emihlanu, abe ngosezingqondweni, olungileyo, obathandayo abantu, kwaye esezingqondweni yonke imihla yakhe. Yabona?

888 Iyi . . . Yintoni? Asingo Mzalwana uBranham. NguYesu Kristu, Wandithumela ukuba ndithandazele abagulayo. Ngoku nantsi into eyiyo. Ayibanga nampumelelo inkulu eJeffersonville, ngokuba, naku kutheni. Ngoku, ndifuna niyazi ndinabathile babona basondeleyo nezona zihlobo zilapha kanye kwesi sixeko. Nakubeni isixeko ngokwaso, imeko yesixeko, andiyithandi. Andiyithandi lemeko, kwaye andizange; xana ndandiyinkwenkwe encinci, ndihleli, ndifunda iincwadi zam zembali, Ndathi, "Ngenye imini ndiyakumka apha." Yabona?

889 Andiyithandi iJeffersonville, imanzi, isezantsi apha. Imanzi nje kakhulu, kwaye—kwaye imbi kakhulu. Nyukela apha kumphezulu weSpickert Knobs okanye ndaweni ithile, uze ujonge ezantsi ngase New Albany neJeffersonville, ukuba ufuna ukubona. Jonga apha, oogqirha bayatsho kwa nabo ngoku, ukuba, "Abantu bale ntlambo baba nesigulo sengxaki yegazi ngenxa yemeko yayo."

890 Inenekazi elincinci apha, uNkskz. Morgan, wayephiliswe kumhlaza, wasa inja yakhe apha ekliniki, ecinga yayinebhula. Niyayazi yayiyintoni? Ukuhlala kweeColgates nezinto ekhuleni apho yahamba khona. Yeyona ndawo ingenampilo.

891 Umfo wayeseMkhosini, wehlela apha waza wafumana . . . Wayenesifuba. Wehlela apha eFlorida aze amehlo akhe aba mnyama ngenene, waza waya ngaphaya kugqirha, waza wathi, "Gqirha . . . "

892 Ugqirha wathi, "Ngoku, ube usemlweni, akunjalo?"

893 Wathi, "Hayi, mhlekazi, andikhange."

894 Ukuba ufuna ukwazi ukuba ngubani, igama lakhe nguHerby. Ngoku, ukuba ndicinga nje . . . Ikwi—ikwi Union National Bank, eNew Albany, ungosebenza khona. Nje yiya phaya uze ubone omnye esithi "Herby," mbuze.

895 Kwaye wathi . . . Waya, wathi, "Gqirha," wathi, "Ndinesayinasi."

896 Waze wamxilonga, wathi, "Injalo lonto." Wathi, "Bendicinga ukuba ubusemlweni." Wathi, "Nkwenkwe, uhlala phi?"

897 Wathi, "Ungangayazi indawo," wathi, "Ndikwisixekwana esincinci ngaphaya eLouisville, Kentucky, esibizwa New Albany, Indiana."

898 Wathi, "Uthetha ukundixelela ukuba uthabathele ingxaki yesayinasi kula manzi amtyuba apha eMiami, ekuzeni?" Wathi, "Ukuba ungahlala eJeffersonville, Indiana, okanye New Albany, Indiana, ungahlala naphina ehlabathini umkhosi we-United State angakuthumela khona." Yilonto. Yabona?

899 Iyeyona ndawo ingenampilo ekhoyo ehlabathini, endiyaziyo, ngaphandle ibiyakuba ngumgxobhozo othile wemalariya. Yabona? Kwaye ndi—ndi—ndi—ndinabahlobo apha.

900 Khangela apha, ndingaya kubabiza ngoluhlobo. Khangela kuGqr. uSam Adair, umhlobo wam. Kulungile, nankuya uMike Egan, ehleli phaya. Owu, bethu, bangaphi endingababiza! Nje amakhulu abahlobo benene, ootshomi bam abadala, endithe ndatshomana . . . Akukhathaliseki zingaphi izihlobo ezintsha endizifumanayo, akukho nto iyakuthabatha indawo yomhlobo omdala. Niyakwazi oko.

901 Nankuya umama wam omdala ehleli emva phaya, Akusekho zintsuku zininzi zomhlaba, ukumashumi amathandathu akhe ngoku. Nankuya umama wenkosikazi yam, amashumi asixhenxe, esiya kumashumi asixhenxe ananye; ehleli emva apha ndaweni ithile, ndiyaciga, ngobu busuku. Kwaye phaya, ukumshiya. Utata wam ungcwatyelwe apha; unkosikazi wangcwatyelwa eWalnut Ridge; usana lam lulele phandle phaya. Uyabona endithetha ngako?

902 A—a—andithandi . . . A—a—a—andifuni kuhlala apha, kwaye ndiyakholwa ukuba msinyane, ngokukhawuleza, kuzakufuneka ndimke. Yabona, kuba ibe isiza kum, ndikutsho oku phezu kwepulpitini neBhayibhile yam, ngokuqhubekekayo.

903 Xana ndaxelela unkosikazi wam, xana basinika imali yokwakha landlu kamfundisi endiyijike yaba yeyeli bandla . . . Eli bandla yeyalo landlu yomfundisi; yiya ezantsi apha, fumanisa ukuba akunjalo. Yabona, andiyi kuyithabatha ngokwam.

904 Ngoku, xana ndandizakwakha phaya, wathi uMeda, "Ndifuna ukuhlala apha ngenxa kamama."

905 Ndathi, "Sthandwa, nje ngokuqinisekileyo njengoko senzile, siyakuzisola malunga nayo. Yabona, yona nje ayisokuze isebenze. UThixo uthe, 'Zahlule,' ndifanele ndiyenze."

906 Waze wathi, "Kulungile, umama wam!"

907 Ndathi, "Umama wam, nam. 'Kodwa lowo ungasayi kuzincama, aze andilandele Mna, akafanelanga ukuba abizwe ungowaM.' Kwaye oko kuyinyaniso."

908 Ngenye imini, ngokufutshane, ndiziva kuzakufuneka ndihambe, oko kukuthi, ukumka. Kodwa nantsi indlela, imihlangano ayiyikusebenza apha. Ayiyikusebenza ngokufana nokuba ibisebenza naphina, kwaye nabani owakhe waba semhlanganweni uyayazi ukuba yinyaniso, ngokuba kulapha kwidolophu yakuthi. Yilonto.

909 UYesu watsho into ekwanye xana Wezayo.

910 Bathi, "Ngubani lomfo? Ingaba asiyonkwenkwe yomchweli phandle apha? Sesiphi isikolo awakhe waya kuso? Kuphi apho afumene khona imfundo yakhe? Ngoku mandikubone usenza . . . Uthe wenza imimangaliso ngapha, mandikubone usenza into ekwanye apha. Oko uthe wakwenza eKapernahum, mandikubone ukwenza apha."

911 Wathi uYesu . . . "Wamangaliswa kukungakholwa kwabo." Wajika wathi, "Inene, inene, ndithi kuni, umprofeti akabi ngongenamvuzo ngaphandle kokuba uphakathi kwabantu bakubo kwisithili sakhe." Ingaba injalo?

912 Kwaye siyayazi . . . jonga kwi . . . Thatha uFinney, thatha uSankey, uMoody; thatha uJohn Wesley, zange ahlukane nayo, yabona, de washiya ilizwe lakhe. Jonga ku—jonga ku—ku—kuMoody. Xana uMoody, umkhandi zihlangu wase Boston, khange abe nako ukuhamba, weza eChicago ngaphambi kokuba abaluleke. Yabona? Kwafuneka akufumane kwabakubo. Kuyakusoloko kufuneka uyenze.

913 Kodwa ngoku, apha, uThixo uyakuwuphendula umthandazo ukuba uyakulibala ukuba nguWilliam Branham (Yabona?), ukuba uyakulibala ukuba nguWilliam Branham akananto yakwenza kuyo, kuphela nje lowo umayo aze athandaze ngenxa yakho. NguYesu Kristu osele ekwenzile oko ucele kwenziwe, ukuba uyakuyikholelwa nje. Yabona? Asiyonto yakwenza . . . Andinanto yakwenza nayo, nje ukungqina. Kodwa ikhangeleka ngathi emveni kokukhulela apha nani, kwaye niyabazi bonke ubuthakathaka endinabo, nayo yonke impazamo endinayo . . . Kwaye niyakwazi oko uThixo akwenzileyo, kanye kwesisixeko.

914 Esi sixeko, ngoMhla woMgwebo, siyakuphendula ixabiso elikhulu ngenye imini, kuba kube kukho amakhulu namakhulu ezibalaseleyo impiliso kanye apha (Injalo lonto.), kanye apha. Imiqondiso nezimanga, nokubonakala kweNgelosi ezantsi phaya, kwaye amaphepha agqabhuka nento yonke, kwaye futhi abantu aba . . . Kutheni iyiyo?

915 Ngoku ngenye imini, ndizakumka apha. Andiyazi: "Iyakuba yintoni isiphelo sam? Ingaba kuphelile? Ingaba imalunga nokwenzeka? Ndinamashumi amane anesibhozo eminyaka

ubudala. Ingaba kumalunga nokusondela kokuphela?" Andikwazi oku. Ukuba i . . .

916 Jonga, kutheni ihlabathi lingawuqondanga lamfanekiso phaya? Kutheni bengakufumananga okuya kwamsinyane? Kutheni bengazifumani ezinye zezi zinto? Kutheni bengazifumani ezi ziprofeto nezinto? Niyayazi, abanakuyenza ngoku, kodwa ngenye imini ndizakulishiya ihlabathi, kwaye xana ndisimka, ngoko bayakuYiqonda. Abanye benu bantu abasebatsha bayakuqonda okuya emveni kokuba ndimnkile. Yabona? Kodwa uThixo ebengayi kuyivumela ukuba yenziwe ngoku. Yabona yintoni . . . niyakuqonda oko ndikuthethayo. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

917 . . . Nje isacholo sentombi encinci. Nabani angaba naso. Kwaye ndiyakholwa uMzalwana uSothmann utshilo ukuba ushiye iBhayibhile apha ngexesha elidlulileyo ebelapha, ndiyakholwa. Ingaba nabani ufumene iBhayibhile, i—iBhayibhile ebhadulayo apha? Ukuba wenzile, yekaMzalwana uFred Sothmann wase Canada. Masithandazeni ngoku.

918 Nkosi, yiba nenceba, njengoko umculo uzakudlala kamnandi noMzalwana uNeville ezakuthambisa nge oli, ndiyakubeka izandla kwabagulayo eGameni likaYesu. Siphe oko, Nkosi, ukwenzela impiliso yabo. Amen.

919 Wonke umntu makathadaze, ngoku, wonke umntu. Kulungile.

Nkosi, umntwana, njengoko uyisemkhulu emele yena apha. Uyalana nobisi, lonke ubisi. Kodwa Wena unawo onke aMandla kwaye umfo omncinci akanakuba nalo ukholo ukwenzela yena. Kwaye ngoko, Nkosi, ndinokholo ukwenzela yena, kunye nabazali kunye nabazali babazali kwaye sithi, eGameni likaYesu, okokuba olwasana luyakubanakho ukusela ubisi luze luphile ukwenzela uzuko lukaThixo. Amen. Iyakuba ngala ndlela.

Owu, Thixo, uthandazela utata wakhe. Ndiyathandaza kunye naye ukuba Uyakumphilisa utata wakhe kwaye umnike oko akudingayo, ngelikaKristu iGama. Amen.

920 Ngoku, ilula ayinjalo? Abantu bethandaza, kodwa oko koko abantu . . . Bakhangela into enkulu baze bayenze nzima. UThixo uyenza ibe lula. Nina niyenza ibe nzima nize niyiphose. Yabona? Yenze nje . . . Yenze ibelula njengoko uThixo wathi: "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholiweyo; ukuba babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila," njengoko uThixo watshoyo.

921 Sibeka izandla kulomfazi, Nkosi, lona ngudade wethu emile apha, kwaye wanga angaphiliswa njengoko siyicela, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

922 Bawo, njengoko sibeka izandla phezu kodade wethu, eGameni likaYesu Kristu, ekukhumbuleni iBhayibhile nemfundiso yeNkosi, wanga angaphiliswa.

Bawo, eGameni likaKristu, sicelela impiliso yodade wethu, kwaye ndiyathandaza ukuba Uyakumenza aphile njengoko sithobela iLizwi Lakho, akukho nenye intandabuzo engqondweni yam kuphela oko anoku . . .? . . . Amen.

923 Bawo, sibeka izandla kudade wethu, kwaye sicela oko, eGameni leNkosi uYesu, ukuba Uyakumphilisa kwaye umenze aphile. Amen.

EGameni leNkosi uYesu, sibeka izandla kumzalwana wethu kwaye sicela ukuba Uyakumenza aphile ukwenzela uzuko lukaThixo.

Bawo, eGameni leNkosi uYesu, sithambisa udade, kwaye sibeka izandla phezu kwakhe kwaye sicelela impiliso yakhe eGameni likaYesu.

Bawo Thixo, sibeka izandla phezu komzalwana wethu, sicela ukuba, eGameni likaYesu Kristu, njengoko simthambisa ukuba Uyakumenza aphile.

Bawo, apha, unkosikazi wakhe othandekayo . . .? . . . siyamthambisa kwaye sibeka izandla phezu kwakhe, siyicela, eGameni likaYesu Kristu.

924 Nkosi Thixo, sithambisa u-Edith omncinci, sibeka izandla phezu kwakhe, kwaye sicela eGameni leNkosi uYesu Kristu ukuba Uyakumnika isicelo sakhe.

Bawo, kunina, ngokunjalo sithambisa kwaye sibeka izandla phezu kwakhe kwaye sicelela impiliso yakhe, eGameni leNkosi uYesu Kristu, wanga angaphiliswa.

925 Bawo, sithambisa esi sacholo sincinci solu sapho, intliziyo ebetha kancinci, eGameni leNkosi uYesu, ngenye imini wanikezelwa kuWe, kwaye ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa . . .? . . .

926 Owu Thixo, Wena waziyo isicelo sika dade wethu kwaye sibulela Wena ngokholo lakhe olukhaliphileyo. Ngoku, zanga ezo zinto athe wazicela, okokuba . . .? . . . udlale ngazo xana wayemncinci, kwaye Thixo, langa utshaba lingamyeka umfazi kwaye wanga angaya ekhaya ephilile, Nkosi. Sithandazela landoda, kananjalo, athe wayicelela, Wena uthembisile, "Ukuba nicela nantoni na eGameni Lam, Ndiyakuyenza." Ndiyathandaza ukuba Uyakunikeza esi sicelo, eGameni likaYesu. Amen. UThixo akusikelele.

927 Nkosi, njengoko lomthambo-luvo usifa ebunzini lukamzalwana wam, sicelela ubomi buvele, njengoko sibeka izandla phezu kwakhe kwaye siyicela, eGameni likaYesu, okokuba lamthambo-luvo uyakuphila.

Bawo Thixo, sibeka izandla phezu kodade wethu emveni kokumthambisa nge oli, eGameni leNkosi uYesu Kristu, sicelela impiliso yakhe. Amen.

928 Bawo waseZulwini, njengoko udade wethu athe wema ukwenzela ezininzi ezinkulu iimpumelelo othe Wena wazizisa, umele omnye wezicaka Zakho, umlungiseleli, uphakuphaku kakhulu; intliziyo yethu yovelwano iya kuye siyayazi into akuyo. Ndiyathadaza, Thixo, ukuba Uyakuthambisa udade wethu ngokuma apha emele yena kwaye umthambise umlungiseleli ukwenzela impiliso yakhe. Ndiyathandaza, eGameni likaKristu. Amen . . . ? . . . INkosi iyayazi . . . ? . . .

929 Kulungile. Ndivuya kakhulu. Leyo yintambiso yenene yeNkosi. Nkosi Thixo, emveni kwalo mfazi eyakuhlangulwa kwidemoni athe walilwa iminyaka, ngenye imini Umenze weza ngasendlwini phaya waze emva koko uMoya wehla, "ITSHO INKOSI," emveni kokuba ethe walila, walala esiguqweni, wayenze yonke nto ayaziyo yenziwa kanjani, kodwa yathabatha u ITSHO INKOSI. Ngoku, uzele usana lukadade wabo oluhlanzayo; elingakwaziyo ukuhamba, sele lingaphezulu konyaka ubudala. Ndiyathandaza, Nkosi, ukuba Uyakunikeza iintsikelelo zikaThixo kuye eGameni likaYesu Kristu. Ndivuya kakhulu ngokuya, dade, ukhangeleka hlukileyo, nawe. Kwaye ukude kakhulu ekufeni ngoku, akunjalo?

Bawo Thixo, siyathandaza ukuba Uyakusikelela udade wethu njengoko simthambisa kwaye sibeka izandla phezu kwakhe kwaye sicela ukuba le nto Uyithethile: "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholiweyo. Bayakubeka izandla kwabagulayo, bayakuphila." Siyavuma ukuba ngamakholwa, Nkosi, ke siyathandaza ukuba Wenze into, eGameni likaYesu . . . ? . . .

930 Bawo Thixo, ekwazini intliziyo yalo mfazi mncinci, njengoko athe wayiphokoza, siyathandaza ukuba Uyakuba nenceba kuye kwaye umnike isicelo athe wasicela. Owu Bawo Thixo, ukwenzela usapho lakhe, ukwenzela abantwana bakhe, inkwenkwe yakhe, ngokukhethekileyo, Thixo, ndiyathandaza ngoku, ukuba Uyakunikeza ezi zinto . . . ? . . . ngentliziyo yam yonke, ndiyayicela, eGameni likaYesu. Amen.

Bawo Thixo, njengoko sithambisa lo mfazi nge oli, kwaye sithandaza phezu kwakhe eGameni leNkosi uYesu, okokuba uyakumphilisa kwaye umenze aphile ukwenzela uzuko lukaThixo.

931 Igama lakho alinakwenzeka libenguWest, lingenzeka?

Bawo, sithandazela inenekazi elincinci. Lifunisa ngotata walo. Ngoku, ndiyathadaza ukuba Uyakumnika utata walo, ubize entliziyweni yakhe, Nkosi. Lifuna asindiswe. Alifuni abe sehlabathini njengoko enjalo, lona, umntwana ongawakhe,

ihlumelo lakhe. Ndiyathadaza, Bawo, ukuba Uyakuba nenceba kuye, eGameni likaKristu.

932 Sikelelwa, ntombi yam, wanga uThixo angakunika into oyicelileyo.

Thixo Othandekayo, sithandazela inceba ngalo, kwaye sicela ukuba Uyakuba nenceba, njengoko simthambisa . . . ? . . .

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org